


## *Ibandla Memeko Yalo*

 Sisifo esifanele ukukhunjulwa ngokukodwa kusakanje emthandazweni, ngoko ngokuqinisekileyo sifuna wonke ubani enze njalo. Noogqirha abasazi nokusazi. basinika iganyana elithile, kodwa ndiyacinga ukuba balenze nje khon'ukuze basithiye lona, be—bebengazi ukuba siyintoni na. Kube, kodwa uKristu uyasazi ukuba siyintoni na. Ndinganixelela ukuba siyintoni na, ngusathana, injalo loo nto, uSathana. Nokuba leliphina igama abafuna ukusinika lona, ngoba, ikubo leyo. Kodwa ke yiloo nto esiyiyo 'yabona, singumoya ongcolileyo. Ngoku masi, sonke ngabanye, sihlanganisene kunye ngoku, “Kholwa Kuphela,” wonke ubani aphume phandle kanye.

Kholwa kuphela, kholwa kuphela,  
Konke kungenzeka, kholwa kuphela;  
Kholwa kuphela, kholwa kuphela,  
Konke kungenzeka, kholwa kuphela.

<sup>2</sup> INkosi izakukuphilisa, sisi. Masithandazele le ntombazana incinci ngoku njengokuba sithobisa iintloko zethu nje.

<sup>3</sup> Bawo wethu oseZulwini, kukhangeleka ngathi andinako tu ukuyikhupha engqondweni yam. Laa ntombazana incinane iphaya, ifayo, isisithandwa somntu othile. Iyindalo yaKho, yaye uSathana uyibhunyula ubomi bayo bobutsha. Ndiyathandaza ukuba eGameni likaKristu ukuba Umelane nesandla sokufa, ulityhalele emva utshaba. Wena, Nkosi, Unako ukulenza uLwandle oluBomvu lwenze iindonga macala, unike abantwana bakwaSirayeli, ilifa laKho, uhambo olukhuselekileyo lokuwela ulwandle ukuyakungena kwilizwe ledinga. Thixo, siyathandaza namhlanje ukuba Usume sonke isikhubekiso wenze lo mntwana apha. Unikelwe kuthi ukuba sicele. Kwaye, njengeqela labantu elikholwa kuWe, sikucela ngeGama likaYesu sicelela impiliso yalo mntwana. Amen.

<sup>4</sup> Namhlanje kungentliziyo enombulelo endi—ndiza ngayo kuni kwakhona eGameni leNkosi uYesu. Ndibuyele ekhaya phambi kwexesha kancinane ukusuka eLouisiana. Ndacinga ukuba mhlawumbi ukuba ndinokufika apha phambi kweCawe ndingabamba isikolo seCawe. Kwaye imozulu ibushushu ngokoyikekayo phaya, sade sa...le ibinokuba phakathi, ipholile kusakanje ngaphandle kweLouisiana. Ubungeke uhlale kwisakhiwo esinje ngaphandle kwephiko lokwenza impepho, eLouisiana, besiyakufanela ukufakwa iindawo zokungenisa impepho kungenjalo beniyakujuba.

<sup>5</sup> Ngoko ke ndize khon'ukuze ndifumane nje usuku okanye zibe mbini zokuphumla phambi kokuba ndimke ngoku kwakhona, ndisiya eMantla Saskatchewan, kuleveki izayo, kusePrince Albert ke apho. Kulapho zihamba ziphele khona iindlela ehlabathini, ezivela kweliya cala. Uwelela mpela ngaphaya kwehlabathi kungakhange kubekho zindlela zizezinye, kungekho ntoyimbi ngaphandle kwamaNdiya nama-Eskimo ngaphaya ngaphathi ekudeni apho siya khona kwesi sihlandlo. Ngoko sinabantu abaninzi abaza kubakho kulenkonzwa abavela kuyo yonke iCanada. Abanye babo bazakusuka emazantsi mpela kuNxweme lwaseNtshona, kutshiwo, bewela besiza. Kwaye ndiyinqwenela kakhulu imithandazo yenu bethu, ukuba uThixo ahlange nathi asiphe ngokudlulileyo, ngokukhulu, indibano enkulu yozuko lwaKhe. Kudlule iminyaka emine mhlawumbi emihlanu ndagqibelayo ukuya eCanada. Kwaye ndinabahlobo abangabo begazi phaya, abangabantu abalunge kakhulu.

<sup>6</sup> Ngoko ke bathembeke kakhulu malunga nokuya enkonzweni. Akunamsebenzi nokuba kubanda kangakanani na, bazisongela ngeengubo bakhwele kwinqwelo ehamba ekhephini, baqhube ihashe lihambe amashumi amane eemayile, ukuya enkonzweni. Bahamba bedlula kumathambeka ekhephu nayo yonke enye into, ulutsha kunye nadala. Bayaqokelelana bonke. Usapho olunye luyahlanganisana luqale ukuhamba, bahambe ke. Ko—koko kuzinikela bakwenzayo kuko okubenza bafumane okungako enkonzweni. Xa kungekho kuzinikela, akukho nto ingako ke enkonzweni. Kufuneka uzimisele kangako ukuqalisa wenze into ekuvisa kabuhlungu kakhulu, kufuneka ubekele bucala izinto ezithile umise umsebenzi, wenze *oku* okanye *okuya*, khon'ukuze uye enkonzweni ubonise uThixo ukuba uyaMthanda, kufuneka wenze ukuzinikela ukuze uye, kungoko kuphela apho uyakufumana ulutho ekwenzeni loo nto.

<sup>7</sup> Kunjengabantwana bam kanye. UBilly Paul, bendicinga ukuba ndiza... Andizange ndifumane nto ngokuya ndandingumntwana. Umama wayedla ngokufuna ingxowa ibenye yeelekese ayilinganise, ayahlule ibe ngamasuntsu amabini mhlawumbi amathathu kuye ngamnye. Mhlawumbi ngeKrisimesi sifumane uphondo lwenkencke mhlawumbi umpu omncinane, okanye into elolo hlobo. Ndandibabona abanye abantwana beneenqwelo neebhayisikile nezinto ezinjalo, iimpahla ezizizo neebhatyi ezifudumeleyo. Ndaze nda—nda, yayindenza ndive kabuhlungu kakhulu loo nto, ndathi, "Ukuba ndakuze ndibe nabantwana abangabam, ndiyakubenzela konke endinako ukubenzela kona." Ngoko, ndingakhetha ukuhlala ndilambile khon'ukuze ndifumanele abantwana bam into. Ukuze ndakuphila... Ngethuba uBilly wayeseyinkwenkwana nje encinci, ndandiye ndimfunele

ibhayisikile emavili mathathu encinci, ndize ndimfunele yonke into. UMeda naye wayezama konke, ukunikezela ngempahla eyeyakhe nezinye izinto, ukuze amfunele into ethile. Kodwa uyazi ukuba saqalisa ukufumanisa ntoni? Ndamfunela ibhayisikile encinci enamavili amathathu, nesaphetha esincinane notolo, nayo yonke into. Ndandiyi ndimfumane ephethe i—icephe okanye intonga, phaya phandle kwiyadi engasemva, esimba ndaweni ithile. 'Yabona? Ndathi, "Abalandelayo abasayi kuba njalo." 'Yabona? Unganika nabani na yonke into esandleni sakhe, akasayifuni. Eyona nto yekufanele ukuba unikele okuthile ngayo!

<sup>8</sup> Kube luyiloo ndlela ke usindiso. Lukukuzinikela okupheleleyo. Lunjalo, Mzalwan'uRoy. Luku—lukukuzinikela ofanele ukwenze yonke imihla, into ethile u—ukusondela kuThixo nokwenza into ethile. Ndiyazi kananjalo ukuba kukuzinikela kuni kusanje, okwenza nihlale kwesi sakhwiwo sishushu. Njengokuba sihleli apha, masibeke iingqondo zethu kwelona Dini likhulu abakha balinikwa abantu ukuba balenze, yayinguYesu Kristu xa Wayalelwa ukuba eze emhlabeni ukuza kufa endaweni yethu. Asiyiloo nto kuphela ke, koko umphefumlo waKhe wehlela kwelabafuleyo waze wabalapho iintsuku ezintathu nobusuku, waze ngosuku lwesithathu Wavuka, waze ngoku wenyukela phezulu, ehleli ngasekunene koThixo, eZulwini, esenza intethelelo ngovumo lwethu lokuxolelanisa kwaKhe nenceba yaKhe eyanikelelwa thina.

<sup>9</sup> Ngoku phezulu e...phaya phezulu apho siya khona, kuzakubakho abantu abaninzi, abangamahlwempu mpela, kuzakufuneka bathengise ibenye kwiinkomo zabo, zibe mbini mhlawumbi zibe ntathu kwigusha zabo, okanye enye into, ukuze babe nokuza kuloo ndibano. Um-Eskimo omdala ngokuqinisekileyo uyakunyusa ezinye zemfele zakhe azithengise, abeziswele mpela esenzela usapho lwakhe, ukuze abe nokuza. Nomrhwebi womNdiya kuyakufuneka enze kwa loo nto inye. Ngoku, singanako ke noko ukuthandazela abo bantu, asingebi nako? Saye sithandazela ukuba uThixo abaphe into enkulu.

<sup>10</sup> Ngoku, kushushu, andifuni kunigcina ixesha elide. Kwaye ndifuna ukuba kusanje sizilungise iingqiqo zethu, kanye nje phambi kokuba sibe nomthandazo wabagulayo, phezu kwe*Bandla Nemeko Yalo*. Kwaye, ngoku, ndiva ukuba kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo uMyalezo oya ebandleni ndawunikwa eShreveport, eLouisiana, kwaye ndi—ndiyakholwa yimeko yebandla. Kwaye sizakujongana noThixo ngayo kusanje, sithandaze sicele uThixo asincede. Singazami ukumza ngalaa ndlela inye, kodwa sicele uThixo ukuba asincede kulomhla siphila kuwo. Kwaye kanye phambi... Le yilaa Bhayibhile indala kakhulu, kodwa phaya phakathi kulele iziqulatho zoBomo obonguNaphakade.

<sup>11</sup> Kwaye khumbula, iLizwi linguThixo. UThixo akanto yimbi ngaphandle kweLizwi laKhe. Nathi asinto yimbi ingelilo ilizwi lethu, kwaye ukuba senza...Siqhubeke, ngoku, wena kunye nam sikuluvo—sikuluvo olwahlukileyo, kuba singa—singatsho ukuthi, “Owu, ndizakwenza into ethile,” sibe sinyanisile ezintliyweni zethu, kodwa imeko zisenokuvela ukuze singabinako—singabinako ukuyenza into ebesithe siyakuyenza. Kodwa uThixo angayenza loo nto, ngokuba Akanasiphelo kwaye Wazi yonke into, nayo yonke into eyakha yabakho, neyakubakho. Kungenjalo, Akanakwenza ntetho ngaphandle kokuba Uyazi ukuba Uyakuyimela.

<sup>12</sup> U-Abraham, xa wayenekhulu leminyaka ubudala, wabiza ezo zinto zazingekho, ngokungathi zikho. Ngoku oku ndikuthetha njengenkuthazo kwabo bazakuthandazelwa, abagulayo. U-Abraham wabiza ezo zinto zazingekho, ngokungathi zikho, eMbalela Lowo wabeka ngedinga ekuthini unako ukwenza, okanye, ukugicina loo nto Wayibeka ngedinga. Ngoku, uThixo waxelela u-Abraham, xa wayenesithandathu...namashumi asixhenxe anesihlanu, uSarah yena enamashumi amathandathu anesihlanu, ukuba babeza kufumana usana, kuba, yayiyinto engenakwenzeka konke. Wakholwa ke kuloo nto walindela usana, walibalela usana kanye njengolukhoyo, isithuba seminyaka engamashumi amabini anesihlanu phambi kokuba usana lube luyafika. U-Abraham ke wayenekhulu ekuzalweni kosana, uSarah yena enamashumi alithoba, ngokuba Wakholwa kuYe. Waze wazibalela izinto ezingekhoyo, ngokungathi zikho.

<sup>13</sup> Ngoku, oko kuya kwabagulayo nababandezelekileyo abazakuthandazelwa. Akukhathaliseki nokuba ziyintoni na iinkathazo zakho, nokuba u...nokuba loluphi na uhlobo lwesifo onaso, nokuba ukwimeko embi kangakanani na, wakwamkela uKristu, iLizwi laKhe, ngoko ubiza izinto ezikhoyo, ngokungathi azikho, ukuba zinxamnye neLizwi likaThixo. Ngoku, uThixo wathi, “Umthandazo wokholo uyakumsindisa ofayo.” Ngoko, ukuba uThixo wayithetha loo nto, iphelele ke. Ngoko masibeke ingqondo yethu, sithembe, senze ngokungathi seyimkile. Loo nto seyiphele nje konke xa siyamkela.

<sup>14</sup> Usindiso lukwayiloo ndlela. Siyalukholelwa, silwamkele, silukholelwe ezintlizyweni zethu, sihambe phambi koThixo size samkele uKristu njengoMsindisi wobuntu bethu, siMamkele. Ukuba ulapha kusanje, ube ungumoni, ube ungasindiswanga, ube ufuna ukuphiliswa, ugula, kuqala funa iNkosi. Yamkele njengoMsindisi wakho, ngoko ke eso sifo siza kuphuma gqi phandle. Nokuba siyintoni na, beka nje ingcinga yakho iphela (nakwinto yonke onayo) kwiNdoda, uKristu Yesu, yonke enye into iyakulunga.

<sup>15</sup> Ngoko ke ngoku yigcine kuloo nto ingqondo yakho, kuba la mazwi ambalwa bendiwabhekisa kwabo bagulayo nababandezekileyo, khon'ukuze kusasa nje ndithethe kwibandla nemeko le. Kuba ndiva ukuba nangona impiliso eNgwele imangalisa, kodwa ngokuya ndandiseShreveport, ndaba neenkonzo ezimalunga nesithathu kuphela zempiliso phaya ngaphandle ngoku ndandiphaya ezantsi, zantathu, mhlawumbi zane, ubuninzi, kwiintsuku ezilishumi elinanye. Kuyimfuneko ngakumbi ukushumayela kwimphefumlo yabantu kunokuba kunjalo ukubeka ixesha elininzi kangaka kwimpiliso eNgwele. Nakubeni, abantu abagulayo nababandezekileyo, uThixo enokubaphilisa. Kwaye sele kungqinelwe oko ehlabathini jikelele, ukuba Uyayenza loo nto. Kodwa eyona nto ingundoqo, ngoku, kokuya emphefumleni ongasayikufa. Umzimba uzakufa. Kodwa umphefumlo awusayi kufa, kwaye kufuneka sikugcine kungqamene oko kulungelelene noThixo.

<sup>16</sup> Ndaba soloko ndiyithetha le nto. Ndifuna ukuba kwenziwe yonke into, kodwa ndakufika emlanjeni ngaloo ntsasa, andifuni nkathazo apho. Ndifuna ukuba ndibe ndiliphethe esandleni itikiti lam, ndilindele igama lam. Kwaye ndifuna ukutsho, njengoPawulos wakudala, Mzalwan'uCrech, "Ndimazi emandleni ovuko lwaKhe." Ukuze xa Ebiza phakathi kwabafileyo, ndibe nokuphuma... Ndifuna ukumazi emandleni ovuko lwaKhe.

<sup>17</sup> Ngoko ke, ngoku, Lowo unguMbhali waleNcwadi, masithobe iintloko zethu neentliziyi zethu kuYe okomzuzwana nje.

<sup>18</sup> Kwaye, Thixo, Bawo wethu, siza kuWe ngoku, ukuza kucela ukuba usivulele iLizwi laKho. Singanako ukuwatyhila abuye umva amaphepha, kodwa nguMoya oyiNgwele kuphela onokulityhila iLizwi. Ngoko ke, livule kuthi kusasanje, Bawo, usinike okudlulileyo okuphuphumayo kobabalo lwaKho. Silindele kuWe. Yaye wanga uMoya oyiNgwele angangena kweli Lizwi, ukuze aLikhuphe ngemilebe yomntu alise ezintliziyweni zabantu, kwaye wanga AngaLithatha aLibeke kuyo yonke intliziyi njengoko siswele ngako. Ukuze ithi yakudlula inkonzo, sibe silungele ukuphindela kumakhaya ethu, size sithobe iintloko zethu ngokuthobeka siKunike umbulelo nendumiso, ngako konke esikufunde ngaWe noko Usenzele kona. Sikucela eGameni likaKristu. Amen.

<sup>19</sup> Ukufundwa kweLizwi, ngaphaya kuYohane oNgwele, isahluko so-1, kuni nina banazo iiBhayibhile nibe nithanda ukuzifunda kunye nam kungenjalo niziphawulele itekisi. Sizakuyifunda ke itekisi eLizwini, ngoko ke masithandaze, ukuze uMoya oyiNgwele athabathe okuqulethwe liLizwi asinike. SingaLifunda, thina bakwaziyo ukufunda singaLifunda, kodwa nguThixo onokukhupha elikuquletheyo.

Ingafundwa yona itekisi, kuba iliLizwi laKhe, kodwa kona okuqulethweyo kunyanzelekile ukuba kukhutshwe nguThixo. Ngoku, kuYohane oNgcwele, isahluko so-1, masiqale ke kwivesi yama-28 sifunde sihle siye kweyama-32, nayo.

*Ezi zinto zenzeka...eBhetabhara, phesheya kweYordane, apho uYohane wayebhaptiza khona.*

*...Ngengomso uYohane umbona uYesu esiza kuye, athi, Nantso iMvana kaThixo, ethwala isuse isono sehlabathi.*

*Nguye lo ndathi ngaye mna, Emva kwam kuza indoda, esuke yaba phambi kwam, ngokuba yayitanci kum.*

*Bendingayazi nam; kodwa lowo...kodwa uku ibonakalaliswe...ibonakalaliswe kuSirayeli, le nto ndeza mna, ndibhaptiza ngamanzi,*

*...Wangqina uYohane, esithi, Ndimbonile uMoya, esihla njengehobe, ephuma ezulwini, wahlala phezu kwakhe.*

Ndifuna ukuphinda ukuphinda ndiyifunde kwakhona, laa vesi yokugqibela, ivesi yama-32.

*Wangqina uYohane, esithi, Ndimbonile uMoya esihla njengehobe, ephuma ezulwini, wahlala phezu kwakhe.*

<sup>20</sup> Ngoku yanga iNkosi ingongeza intsikelelo yaYo kweli Lizwi. Ndifuna ukuba nizame—nizame ukubamba ilizwi ngalinye ukuba ninako. Niyandiva nonke ukuya phaya emva? Kulungile, niyandiva apho emva? Ukuba uyandiva, uphakamise isandla. Kulungile oko.

<sup>21</sup> Ngoku, ndifuna ukuthetha nani kusanje ngo—ngomzekelo, ngendlela ethile yokuba nditsho na—nabona bantu bangengobankonzo abalapha babe nokuqonda. Ngoku, siza enkonzweni khon'ukuze sibe ngcono. Sizela ukuzenza ukuba sibe ngabantu abangcono, aMakristu angcono, abemi abangcono, otata abangcono, omama abangcono, abamelwane abangcono. Siza ngokuba uKristu wasixelela ukuba xa sithi size, sicele nantoni na eGameni laKhe, xa sihlangele sibabini okanye sibathathu ubuninzi, Uyakuba nathi asiphe loo nto. Ngoko, yintoni eyenze enokuba nagaphezu koko, enokuba ngcono kuthi namhlanje ngaphezu kokwazi ukuba sisenkonzweni sizokwenziwa ngcono, nokwandisa ukuqonda kwethu. Bangaphi abanokuthi, “Yiloo nto kanye endizele yona”? Makhe sibone. “Ndi—ndifuna ukuqonda okungcono.” Kwaye asi—asinakuba nakuqonda kungcono ngaphandle kokuba kube...Kwaye ukuba sizakuba nokumqonda okuthile uThixo, kufuneka kuphume eLizwini likaThixo, kuba liLizwi into awasinika yona uThixo ukuba sondle imiphefumlo yethu elambileyo. UMoya oyiNgcwele ke wathunyelelwa ukuba

athabathe iLizwi likaThixo asondle ngeLizwi. Niyayibona? 'Yabona, thina...UMoya oyiNgcwele uthunyelwe uvela kuThixo, ukuze uthathe iLizwi likaThixo usinike Lona njengoko siswele. Ngoku, ndiyavuya ngokuba uThixo wenza umphako onjalo. Aninjalo nina? Khon'ukuze Asondle.

<sup>22</sup> Sizizimvu zedlelo laKhe. Siza kuthetha ngaloo nto emzuzwini nje, izimvu. Kwaye sizizidalwa eziphindwe kathathu zikaThixo, kwaye Akuba nolawulo olupheleleyo kuthi Angasirhola asikhokele.

<sup>23</sup> Ngoku, oko kwamkholisa kangangoko uThixo, wade Akuthumela uYesu emhlabeni, kwakholeka kuYe ukuMmisa njengesilwanyana, eso silwanyana ke yayiyimvu. Emva phaya ekuqalekeni, emyezweni wase-Edeni, kwizithunzi zangaphambili zokuza kukaYesu, uThixo wanikela nge-ngemvana ukuba ibe ngumnikelo obambeleyo kwizithunzi zangaphambili zokuza kukaKristu. Ngoku, ndandisoloko ndimangaliswa ukuba kwakutheni ukuze uThixo amenzele isithunzi ngokwesilwanyana uKristu, njengesilo. Kodwa sifumanisa ngoku ukuba iMvana, isizathu sokuba Akhethe imvana, imvana sesona silwanyana silulamileyo nesilino kuzo zonke izidalwa ezisemhlabeni. Akukho iyenye ilulame nelinono ngaphezu kwemvana itakane legusha elincinane, lithozame ngolona hlobo, alizicingeli. Ali—alinakratshi. Lisisidalwa esincinane esilino, esilulamileyo. UThixo ke xa wayezakumisela uKristu ehlabathini, WaMmisela kwimvana.

<sup>24</sup> Ngoku, kodwa wathi uThixo, uThixo uYise, uYehova, wayezakuzimela ngokwaKhe eseZulwini, Wamelwa kweyona ilulamileyo, ithobekileyo yazo zonke iintaka ezibhabha esibhakabhakeni, leyo ke, lihobe. Akukho ntaka ilinono ngaphezu kwehobe. Ndenza izifundo ngobomi beentaka nobomi bezilwanyana, ihobe ke liyintaka engaqhelekanga kunayo nayiphi na intaka ebhabha esibhakabhakeni. Ihobe lili-lingumthandi. Ihobe lilinono. Ihobe alinanyongo, lilo kuphela kusapho lweentaka elingenanyongo. Seso sizathu ungasokuze ulibone nakuyiphi na indawo ihobe ngaphandle kwakufutshane nendawo ekukho kuyo iinkozo nembewu.

<sup>25</sup> Ngoku, emkhombeni, kwakukho ihobe. Kwaye ihobe limelwe kwindawo ezininzi eBhayibhileni. Lizekelisa ngoMoya oyiNgcwele. Kananjalo ihobe limelwe kwindawo ezininzi zeBhayibhile, njengoKristu, kwiSityhilelo, konke ukuya emva kwiGenesis, linjalo nehobe.

<sup>26</sup> Yaye kwiNcwadi yeGenesis, ihobe lalisemkhombeni, lihleli kwindlwana yeentaka ne—nezinye iintaka zomoya; enye yazo ke yayilihlungulu, unomyayi. Unomyayi ke yenye yezona ntaka zingcolileyo zikhoyo, unomyayi nentaka engxolayo, ndiyaqikelela, ukuba phante ibezezona ntaka zingcolileyo sinokuzifumana. Unomyayi yintaka enobomi obude kakhulu,

yaye uphila (kuthiwa) bade, ngamanye amaxesha, babe namakhulu amabini okanye amathathu eminyaka, ukuba unomyayi. . . Isikhwenene siphila ngaphezu koko.

<sup>27</sup> Ihobe ke siso kuphela isilwanyana okanye intaka engenanyongo. Ngoku, unomyayi angahlala apha phaya atye kwisidumbu esifileyo. Awunakuze ulibone ihobe ngakweso sidumbu sifileyo. Alinakumelana naloo nto. Ivumba elibi laso ezimpumlweni zalo, alinakumelana nalo. Singaligulisa. Alinakumelana nje konke nayo nantoni na eyenza mandundu, ebolileyo. Alinakumelana nayo, ngoko alingeke liyidle. Ukuba belinokuyidla, ibiyakulibulala ngoko nangoko ihobe, ngokuba into ecola ukutya kukuphuphuma kwenyongo ingene esiswini okucola ukutya. Ukuba ke akukho nyongo izakungena apho ukuze yenze oko, ngoko kungalibulala ihobe. Ngoko uyakusoloko ulifumana kufutshane nento ecocekileyo ihobe, into esapheleleyo.

<sup>28</sup> Ngoku, unomyayi wahlukile. Ngoku, mbone nje unomyayi engumzekelo womhanahanisi. Unomyayi uhlala phaya phezu kwe—kwesidumbu esifileyo adle kanye kangangoko efuna abhabhe aye ngqo entsimini adle ingqolowa, kananjalo. Kodwa ihobe alinakutya ingqolowa liphinde libhabhe phezu kwesidumbu esifileyo.

<sup>29</sup> Ngoko, umhanahanisi, umntu angangumhanahanisi adle kokubini izinto zomoya, nezinto ezilungileyo kunye nezinto ezimbi. Kodwa uMkristu ozelwe ngokutsha ngenene akanakuzinyamezela izinto ezingalunganga, udla kuphela kwinto elungileyo. Yiqaphele loo nto! Xa ubona umfo onokuya emdanisweni, aphume ayokusela, aphume ayokuhlala esonweni, abuyele enkonzweni mhlawumbi akhwaze kanye kangangokuba esenza ongcwele, into ayiyo, unguphiphayo, utya kokubini into ebolileyo nento elungileyo. Kodwa uMkristu wokwenene akasenakuzinyamezela ezo zinto kwakhona, kuba udlule ekufeni wangena eBomini. Kwaye kwamsinyane izakumgweba kangako, kwa iingcinga nje ezingayo, ide imgwebe ade aguqule ubuso bakhe ahambe emke. Owu, ngumfanekiso onjani wona!

<sup>30</sup> Ngoku, imvana ngumfo omncinane olinono kakhulu. Akangeke, akanakuzinceda. Akathembelanga kwisiqu sakhe, ngokuba akanakuzinceda. Apha kwixeshana elidlulileyo ndandihamba ndinqumla idlelo ngokuya ndandidla ngokulinda, ndafumana imvana encinane, zonke ke ezinye zaziyishiye apho ngandlela ithile, nantso ke ibopheke apho yonke kucingo oluhlabayo. Olo sizana lo mfo lwalulele apho, lisopha likhala. Ndaze ndadlula apho ndabona phaya phezulu, malunga nesiqingatha semayile ukunyuka, kwakukho umhlambi wonke wezimvu. Ngoku, laliyakulala apho oonomyayi ngebawaxholayo amehlo alo kwamsinya ukuba sasingalifumananga. Kodwa ndamkhulula loo mfo mncinane,



ndamthabathela engalweni yam. Akazange ale. Wangqengqa ethule mpela. Ndamthabathela ezingalweni zam. Elokuqala—elokuqala ityeli, mhlawumbi, umntu ebeka izandla phezu kwakhe, kodwa wayethobekile. Wayekuthakazelela ukukhokelwa. Wayekuthakazelela ukuncedwa. Ndiyathemba ukuba niyayibona. Wayelungele ukuba angazami kwala okanye akhabe aphindise, okanye alume. Iimvana azikhabi ziphindise, azilumi; ziyazithoba nje kuphela. Lo mfo mncinane ke, ndamfunqula ndaya kumbeka phantsi phakathi kwezinye izimvu. Kwimizuzu embalwa umama wakhe wamfumana, wavuya njani! Ngoku, ingumfuziselo omhle njani loo nto weMvana kaThixo!

<sup>31</sup> Uyazi, xa beza kubulala iigusha, uyazi ukuba yintoni ekhokelela iigusha zinyuke ziye kwinqwanqwa lokubulawa, yibhokhwe. Kodwa ibhokhwe iyakuzikhokela zide ziyokufika kwingxingwa yokuzithoba kwindlu yokuxhelela, ize, kanye nje ngelixesha yenze ukuba zinyuke iigusha ziye kwingxingwa yokuzithoba, iyakusuka itsibe iphume. Kodwa, wow, bathi, xa beza kubulala ibhokhwe, ngoko ikhaba kube luqhwithelo. 'Yabona?

<sup>32</sup> Yiloo nto kanye ke ayakuyenza uSathana. Uyakuzama ukukhokelela abantwana bakaThixo kanye kweyona nto imbi, kuthi kwakufika elakhe ixesha lokuba afe, akhabalaze kuqhume uthuli ngoko. Wenza ngolo hlobo uSathana. Ibe yiloo ndlela kanye intombazana ekhangeleka intle mhlawumbi inkwenkwana ethile elimenemene enebhokisi yomdiza okanye ibhotile yewiski, eyakuthi ikhokelele ecaleni intombazanana, imvana, iqulethe okomntu othile, iyikhuphele kokubi. "Owu, kulungile. Akukho nto ikokwa kulunga kakhulu kwenkonzo." Kodwa makhe ukufa kufumane loo mfo mkhulu kube kanye, uyakumva ekranxalaza, ekhwaza kulo lonke eli lizwe. Yiloo ndlela kanye ke enza ngayo uSathana.

<sup>33</sup> Imvana ke ilinono kangako, kangangokuba ingakhokelwa. Seso sizathu ke esenza uThixo ammise njengeMvana uKristu, Yena ke abe njengeHobe. Kwaye ngomhla uYohane wayebhaptiza ngawo uYesu emlanjeni eYordane, esinye sezona ziganeko zakha zenzeka, senzeka khona apho kanye. Qaphela indlela esasisihle ngayo! IMvana, esona sithobekileyo kuzo zonke izidalwa zasemhlabeni, neHobe, eyona ithobekileyo kuzo zonke iintaka zeZulu. Ngoku, yiloo ndlela kuphela ezazinokuhlangana ngayo. Yiloo ndlela kuphela iHobe elalinokuhla ngayo phezu kweMvana. Ngoku, lathi lakuhla iHobe, uYohane wambona uYesu, wathi, "Nantso iMvana kaThixo, ethwala isuse isono sehlabathi." Waze wathi uYohane, "Ndiyangqina, ukuba ndimbonile uMoya kaThixo esihla njengeHobe, ehlala phezu kwaKhe." Halleluya! Nantso ke. IHobe neMvana zahlangana zamanyana. Kungeloo xesha apho uThixo noMntu baba banye. Kungoko apho iZulu

nehlabathi zathi zangana. Haleluya! Kungoko apho uThixo wathi wenziwa inyama, wayizisa, kungexesha uThixo wehlayo kwimo yoMoya waza wenziwa uMntu wahlala phakathi kwethu. Kungoko lathi lonke inguNaphakade langana. Kulapho lwathi uhlanga loluntu luka Adam oluwileyo noYehova uThixo nayo yonke ingelosi bathi bahlangana, apho wathi uThixo nomntu benziwa banye, ngaloo mhla mkhulu ukhumbulekayo mhla uYohane wabhaptiza uYesu.

Ngoku, kwakunokubanjani ukuba yayiyingcuka? Oko kungqumshela kumnandi kweHobe kwakungenakuze kume kufutshane nengcuka.

<sup>34</sup> Yintoni entle ngaphezu kokuba ngorhatya olukhulu uve amavukuthu amadala ehleli phaya phandle engqumshela umzuzwana? Emva kokuba ndalahlekelwa yinkosikazi yam nosana...Ndandingavumeli mntu konke ukuba azi ukuba ndandisenza ntoni na. Ndandidla ngokungena kwimoto yam endala, ndandiqhuba ndinqumle apha endleleni, ndiphume ndiye apha ngaphandle kumadlaka aseWalnut Ridge, ndihlale phantsi apho ngasecaleni komthi ndijonge phantsi engwabeni, ndandingakwazi kuncama konke. Kukhangeleka ngathi andinakumelana naloo nto konke. Ndiyacinga usanana lwam, lulele apho, lunenyanga ezisibhozo ubudala. Indlela elalidla ngokuthi naa izandla zalo luzizisa kum, ndize ndikhalise ixilongo lemoto okanye ndibe nento endiyithethayo kulo, luze luthi “guu-guu,” luthi naa izandlana zalo. Ndandiye ndihlale phantsi ecaleni komthi, ngakumbi xa kungorhatya. Kwakudla ngokubakho ihobe elidala elalihlala phaya phandle etyholweni, liqalise ukungqumshela. Owu, madoda! Ndakhe ndacinga ukuba ayingebi mhlawumbi ngumphefumlo ongenakonakala wosana lwam ubuya usiza kuzama ukuthetha nam. Akukho nto imnandi njengoko kungqumshela kwehobe. Indlela elinothando ngayo! Lizisa iindaba. Ndlela le lizama ukwenza uxolo ngayo! Ndivuke ekuseni kakhulu ngentsasa, ndiphume ndiye ematyholweni phaya kufutshane nalapho ndandihlala khona, yinto noxolo njani ukuyiphulaphula! Ehleli apho kuloo mthi mde mkhulu, loo mahobe eculelana.

<sup>35</sup> Ngenye imini, ezantsi kwaMzalwana uCox, umama omdala wehobe wayeneentsana ezimbini. Zazihleli phaya phezulu kanye phezulu kwesakhiwo, ukuze zingafunyanwa ziikati. Loo mama mdala wehobe wayeye azifunzele. Aze eze azithabathe azivuse apho emthini, zihlale apho intamo yolunye ijikele kweyolunye, zingqumshela zithandane, imini yonke, iintsanana ezimbini, ezinobunono zamahobe.

<sup>36</sup> Ndaze ndacinga indlela uThixo, (ihobe yintaka enothando ngolona hlobo) laze iHobe, uThixo, efuna ukuthandana nabantu baKhe. UThixo ufuna ukuthandwa. UThixo ufuna ukukuthanda. “Wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude Wancama uNyana waKhe okuphela

kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuYe bangatshabalali, koko babenoBomi obungunaphakade.” Mayibongwe iNkosi! Waza uThixo, efuna ukuthanda, Kwafuneka enze... wenza into ethandekayo. Kwafuneka enze into elinono njengaYe. Kwafuneka enze into enokuthandwa. Kwafuneka enze into eneMfuzo EyeyaKhe.

<sup>37</sup> Ubungeze wayithanda into engenamfuzo yakho. Ukuthanda kufanele kumanyane nothando. Umyeni nenkosikazi bamele ukuthandana, ukuba bazakuba ludidi olululo. Usapho lufanele ukuthandana, ukuba luzakuba ludidi olululo. Into ethile enokuthandwa! Uzingela ndawo zonke, ufumane intombazana eyakuba yinkosikazi yakho oyithandayo. Nayo iyazingela, ifumane umyeni enokumthanda.

<sup>38</sup> NoThixo uyazingela, azame ukufumana umphefumlo Anokuwuthanda. Ngoko, wazimisa Yena apha emhlabeni njengeHobe elinobunono neMvana enobunono. Ukuba laa mvana yayikhe yathabatha nangomzuzu omnye nje imveli yengcuka evungamayo, elaa Hobe ngelasuka Landiza ngoko nangoko, ngelemkayo.

<sup>39</sup> Kodwa i-i—imvana, ayinazingqondo zitsolo zizezayo. Imvana iyinto enye, xa ilahlekile, ilahleke ngokungenathemba. Igusha ayikwazi ukuzifumanela indlela egodukayo. Seso sizathu esenza ukuba ikhokelelwe ekufeni yibhokhwe. Ayikwazi ukuzifumanela indlela, igusha elahlekileyo. Seso sizathu uThixo wathi wasinxulumanisa neegusha. Xa silahlekile, silahlekile ke. Akukho ndlela konke yokuba singazifumana ngokwethu. Inye kuphela ke indlela yokwenza oko, yile, kukuzithoba kuMalusi womhlambi, ibe nguYe okhokelayo.

<sup>40</sup> Ngoku, njengokuba ndiqaphela le Mvana negusha zikunye... iMvana neHobe, gxebe, zikunye, zenza into enye. Ngoko khangela indlela iHobe elakhokela ngayo iMvana, uNyana kaThixo. Indlela aWayethobeke ngayo, esazi ukuba Wayesiya ekuxhelweni. Indlela aWayethambe ngayo, ukuba oko angazami kwenza ngokwaKhe, angazami kuba ngonokuzenzela ngokwakhe. Wathi, “Akukho nto Ndiyenzayo de uBawo andibonise kuqala, kwaye uBawo uhleli kuM.”

<sup>41</sup> Ngoku, enye into eyiyo igusha, igusha ikulungele ukunikela ngamalungelo ayo. Ngoku, uThixo ufuna ukuba sibe ziigusha, kodwa kukho amaxesha amaninzi esingafuni kunikela ngamalungelo ethu ngawo, siwancame amalungelo ethu. Abanzi kakhulu kuni bathi, “Ke, sinamalungelo, Mzalwan’uBranham.” Yinyaniso leyo, kodwa nikulungele ukuncama amalungelo enu? Nikulungele ukuphisa ngamalungelo enu, ukuze uThixo abe nokunikhokela? Yiloo nto inkathazo yamabandla ethu namhlanje, kwesona sininzi zikhulu, ukuba ubunono beMvana kaThixo... Sifanele ukuba

si ziimvana, sisuke saba yinto yonke hayi iimvana. Seso sizathu ke, kuthi nje ukuba sibe nolo hlobo loluvo, iHobe loMoya oyiNgcwele Liyabhabha limke.

<sup>42</sup> Ukuba iMvana kaThixo ngeyenza ukuvungama kokuqala njengengcuka, okanye yenze nantoni na ephambeneyo kunokuba iHobe elithozamileyo lalinokuyivumela, iHobe ngeLabhabhayo. Ngelemkayo ngomzuzu nje.

<sup>43</sup> Kwaye seso sizathu namhlanje simangaliswa nje, “Kwenzeke ntoni kwinkonzo kaMoya?” Kungokuba sithabathele kuthi imveli yolune uhlobo. Sithabathe imveli yokuba, “Sifuna amalungelo ethu. Siyakwenza le nto siyaziyo ukuba kulungile ukuyenza.” Saze saba nenkani. Sakhohlakala. Sadikidiki. Sivumela umsindo ungene. Sivumela umona ungene.

<sup>44</sup> Imvana, kwakuba lixesha . . . Bobayo uboya bayo, lilungelo layo elo. Bobayo uboya bayo, kodwa bayithabatha imvana bayiphose phezu kwamanqwanqwa, bazibophe iinyawo zayo. Ayizange ikhabalaze iphindise, ayixambuli. Uwathabatha nje amalungelo ayo emke kuyo, ngokuba iyimvana. Ayinakwenza nto yimbi, ngokuba yimveli yayo leyo. Kodwa ngexesha elinye nje nqumla indlela yomKristu, uyakufumanisa ukuba uyimvana na okanye uyibhokhwe. Uyakumfumanisa into ayiyo, umcaphukisile nje kwaba kanye. Kwaye seso sizathu namhlanje amabandla ethu ekule meko akuyo nje.

<sup>45</sup> Sizibize ngokuba siyimvana kaThixo. Amadoda nabafazi, kunye, baqalisile ukwenza yonke into ngokungafaniyo neemvana zikaThixo. Ungakhe ubajonge besihla ngesitrato, beneenwele ezimfutshane, ezinqothulweyo, iyimiphotho yodwa ezintlokweni zabo. Kube kwiminyaka embalwa edlulileyo, ungabiza . . . ni, ba . . . nangingeke nibaqeshele ukwenza loo nto. Nize nimangaliswe ke ukuba kutheni na ibandla likule meko likuyo nje, kungokuba nithabathe imveli yengcuka okanye eyebhokhwe, endaweni yokugcina uthozama kobunono kwevana. Kwaye uthi, “Lilungelo lam elo, Mzalwan’uBranham.” Ndiyazi ukuba lilungelo lakho. “Abachebi bacheba iinwele. Ke ngokuba abachebi besacheba iinwele, andinalungelo?” Kunjalo, lilungelo lakho laseMelika. Kodwa ukulungele ukulincama, ukuze ube yimvana? Ukulungele ukuzinikezela?

<sup>46</sup> Kwaye nina bafazi, kungekudala kakhulu, wawunokuhla ngesitrato . . . Kuyimpambano ukukhangela indlela abafazi abanxiba ngayo namhlanje. Kwaye andithethi ngamaRhabe namaWisile, ndithetha ngani bafazi bobungcwele. Uhla nje ngesitrato, kwaye kuyi . . .

<sup>47</sup> Ndandinomnqamlezo omncinane ojingayo apha ngaphambili emotweni yam, kwaye umntu othile wakhe wandibuza, wathi, “Billy, uyazi ukuba ngumfuziselo wobuKatolika lowo?”

<sup>48</sup> Ndathi, “Alifumana nini elo lungelo emnqamlezweni amaKatolika?” Azange! Asingomfuziselo wakholo labuKatolika lowa; ngumfuziselo wokholo loBukristu. Ukholo lobuKatolika ngumntu ongwele omncinane ofileyo, uMariya okanye—okanye umntu othile ofileyo abamnqulayo. Asinquli bantu bafuleyo thina. Asinquli Cecelia uNgcwele nabo bonke abo bangcwele bahlukeneyo. BubuKatolika obo, obuyeyona mo iphakamileyo yokunqula imimoya. Kodwa umnqamlezo umele Yena Lowo wafayo wabuya wavuka kwakhona.

<sup>49</sup> Ndaza ndathi, “Ndiwugcina phaya, xa ujonganga esitratweni. Kwiminyaka engamashumi amabini anesihlanu eyadlulayo, okanye engamashumi amathathu, ngokuya ndaphantse ukuba yimfama, ndamthembisa uThixo ukuba xa Enokuwaphilisa amehlo am ndiyakujonga kwinto elungileyo.” Ndaza ndathi, “Nokuba ujonganga phi na, akukho buthixo, abafazi banxibe ngokungagqibekanga, kukho abafazi abaze abangqengqeqe eziyadini nakuyo yonke indawo. Ndiyonganga emnqamlezweni endaweni yokujonga ezo zinto, ndikhumbule into awandenzela yona uKristu, ndiyijike intloko yam imke kuloo nto... iyekaSathana.” Haleluya!

<sup>50</sup> Apho ke, bantu, musani ukuthi lawo “ngamaRhabe, amaKatolika,” ngabakwaMoya! Amen. Uthi ke, “Ndinelungelo loko, MzalwanuBranham.” Kulungile, kodwa ukuba ubuyimvana, ubuya kuwancama amalungelo akho. Xa ke uqalisa ukwenza ngolo hlobo, uMoya oyiNgcwele, iHobe elinobunono, Liyabhabha limke ngoko. Alinakuhlazeka kunye nawe. Hayi, hayi. Ungaze ucinge ukuba ungenza njalo uze uwugcine uMoya oyiNgcwele. Awunakuyenza loo nto! IBhayibhile yatsho. Kufanele uwancame awakho... Ke, uthi, “Abafazi bonke beyenza nje.”

<sup>51</sup> Nani madoda, zintsizana zincinci, zingenamqolo, niziphethe ubusisi, wena, unokuvumela inkosikazi yakho yenze into enjengaleyo, loo nto ikhombisa ukuba ungubani na. Sesizathu esibanga ukuba ungabi naMoya uyiNgcwele njengokuba ubanga ukuba unawo, kungenjalo ubuya kuba nokwaneleyo kuwe kokwenza ukuba uyenze yenze njengenekazi ngexesha lonke isahlala nawe, nangoko. Amen. Kuvakala njengento yakudala oko, kuyasika. Kodwa yiloo nto kanye eliyisweleyo ibandla namhlanje, kokuya kwakudala, ukuhlambisisa koMoya oyiNgcwele, nokwaneka nokomisa, nokolula uku—ayina, ngoMoya oyiNgcwele. Ngokuqinisekileyo!

<sup>52</sup> Yenjani imeko elingene kuyo ihlabathi! Ukusuka nje bangene esitratweni benze! Ukuthi nikrobise iintloko zenu kumabonwakude ngokuhlwa kwangoLwesithathu, nize ningayi enkonzweni! Indlela enithi, ngoba, akukho nomnye umntwana apha elizweni... bazi konke ngokuba ngubani na uDavid Crockett. Noba buxoki bungcolileyo, esithi wabulala ibhere eseneminyaka emithathu ubudala, niyabazi ukuba

bubuxoki obo, kodwa niyeka abantwana benu bazale ntlintloko yiloo nto. Kube kungekho nomnye ekhulwini kwabalikhulu onento ayaziyo ngoYesu Kristu. Kungokuba eli hlabathi lingcoliseke kangangoko! Esi sizwe, siphambene saba kude ngolona hlobo kuThixo, simalile uMoya oyiNgewele.

<sup>53</sup> Owu, uthi, “Ndiyaya enkonzweni ndikhwaze.” Usenokuyenza loo nto. Kodwa, de ibe le Mvana ithozamileyo kaThixo ihleli entliziyweni yakho, ize ikwenze ukuba ucoce ubomi bakho wenze njengomntu ongomnye, akusayi kukunceda nto konke ukulinganisa uBukristu. Kunyanzelekile ukuba ube nabo. Amen.

<sup>54</sup> Ndikhe ndangena kwenye indlu apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, ukuya kubona indoda egulayo, kwakukho inenekazi elalingqengqile, lihleli apho. U-Oswald omdala omncinane wangena, umnqwazi uthe ngcu kwicala lentloko yakhe, wathi, “Mama, seyilungile idinala?”

<sup>55</sup> Wathi yena, “Sthandwa, asikhange sibe naxesha” watsho “kusasanje lokufuna idinala.” Wathi, “Ndikwenzela iqebengwana,” wathi, “nangaya ama-orenji.”

<sup>56</sup> Waya wathabatha i-orenji, walijonga, waliluma, walijula phaya eludongeni ngamandla kangangokuba enokuba nako, yehla incindi, wathi, “Ukuba kukuphela kwento eninayo leyo apha, ndizakuphuma ke ngoko,” ngolo hlobo nje.

<sup>57</sup> Ndacinga, “Owu Thixo, ebefanele ukuba akhe abengowam nje imizuzu ibe mihlanu!” Mfo, bendiyakusixuzula isikhumba sakhe sisuke kuye ngendlela angazange ayazi ukuba siyaxuzulwa ngaphambili! Kodwa bona bangqengqa phaya, besizela beteketisa. Into ayisweleyo kukuxotyulwa ngeswazi ngokwakudala. Siswele loo nto kanye, amakhaya ohlobo lwakudala kwakhona, nabashumayeli abayakuma emva kwepulpiti bashumayele iNyaniso, baYifake kanye apho ifanele ukubakhona. Amen. Yinyaniso leyo. Owu, bethu!

<sup>58</sup> Nanko uMary omncinane ekhubeka ngonyawana lwakhe, yenusa loo mpumlwana ejika loo milebana ibomvu (yilaa nto yenziwa kwaMax Factor) eyinyusela emoyeni, ephakamisa intlokwana yakhe ephuma endlwini. Lihlazo elinjani! Indlela le bangeva ngayo abantwana! IBhayibhile yathi bayakuba njalo. iSibhalo sathi bayakuba njalo. Indlela abayakwenza ngayo, uhlobo abayakwenza ngalo, nezi zinto ziqhubeka ehlabathini namhlanje, kungokuba bawenze buhlungu wemka uMoya oyiNgewele.

<sup>59</sup> Kwiminyaka embalwa edlulileyo. Ndizakuya kubhiyozela ukuwa kokuqala koMoya oyiNgewele eMelika kwiintsuku nje ezimbalwa, kwiminyaka engamashumi amahlanu eyadlulayo, kwinkonzo eyayikwiStrato esidala i-Azusa, kwinkonzo yomoya phaya eLos Angeles, apho bafumana khona ukuwelwa kwabo kokuqala nguMoya oyiNgewele, apho

babehlanganisene khona abantu. Ekuhleni kukaKristu phakathi kwabo bantu, babethozame kangangoko, bezele luxolo. Babephila ubomi bobuthixo. Babephila ubomi bokuzinikela. Babekulungele ukunikezela. Babekulungele ukukhokelwa nguMoya oyiNgcwele. Babengakhathali ukuba bathini na bantu, babe “ngabodidi lakudala,” nokuba babesithi “baphambene” na okanye bethetha nantoni na ngaloo nto, babekulungele ukukhokelwa nguMoya oyiNgcwele.

<sup>60</sup> Kodwa, namhlanje, owu, madoda, banamagubu emigubo yokuqaba nebhokisana zeziqabo, benxibe nebhulukhwe emfutshane, bephandle estratweni, ngoba, lihlazo nje! Bezibiza ngokuthi, “sinoMoya oyiNgcwele.” Owu, uthi, “Kodwa ndakhe ndathetha ngeelwimi.” Ewe, noSathana uyakwazi, naye. “Owu, ndakhwaza.” NoSathana uyakwazi, naye. USathana uyakwazi ukulinganisa yonke into uThixo anayo, ngaphandle kothando, kwaye akakwazi ukulinganisa uthando. Ewe.

<sup>61</sup> Ukuze, into yokuqala uyazi, xa naqalisayo ukwenza ezo zinto, nazithoba iintambo, naqalisa ukwenzelelele, ngoko ke laqala ibandla ukuba nokukokoza okuncinane, kwamaqela akhoyo phakathi kwalo, waze omnye wathi, “Uyazi, umlungiseleli *unje-nanje*,” mhlawumbi “umdikoni *unje-nanje*.” Kwaye, into yokuqala uyazi, naziphulaphula ezo zinto! Ibe naso ke isizathu esibangela ukuba nibe nenkathazo engaka, kungokuba niqalisile ukumamela kuSathana, nize nibe nokuvungama endaweni yokuphulaphula iHobe elithozamileyo, uMoya oyiNgcwele, iHobe likaThixo ebeliyakunikhokela linibonise, linithande linisikelele.

<sup>62</sup> Okokuqala nje usiba nomnye waloo misindwana ixhiphulayo, iHobe libhabha limke ngoko. Kunjalo. Alinakumelana naloo nto. Imveli yaLo yahlukile. Owu, Alinakumelana naloo nto konke. Uhambe ke uye nasekuthetheni ngommelwane wakho, Alinakumelana naloo nto, Alinakumelana naloo nto nje konke. Usuka nje Abhabhe emke kwangoko. Akanakumelana nayo thuba lidlulileyo koku. IHobe lithozamile. IHobe lithobekile, kwaye iHobe, ali—alinakumelana nayo nayiphina enye into ngaphandle kokuba ibe kwayimveli enye.

<sup>63</sup> Ngoku, uThixo angakwenza ukuba ube yimveli eyahlukileyo, ungumfazi okanye indoda, Angakunika imveli eyahlukileyo. Uthi ke wena, “Ke, Mzalwan’uBranham, yintoni esinokuyenza ngaloo nto?” Yiba yimvana nje kwakhona. Zizilwanyana ezibini kuphela ezinokuze zibe nonxibelelwano kunye, lihobe kunye nemvana. Ihobe aliyikuza nakuyiphi na enye into ingeyomvana. Kwaye ukuba uye waba yibhokhwe wukhuphe loo moya wobubhokhwe, uphume kuwe. Kunjalo. Ukube uye waba yenye into, yisuse imke kuwe, ukuba uqalisa ukuba lipholopholo.

64 Naku ngaxesha lithile, ndakha ndashumayela kalukhuni kangangokuba ndandinokuba nako, kwisixeko esithile, kwaye ke kwakukho amawaka abantu ababelapho. Ndenza ubizo lwabazinikelayo. Ndancinga ukuba ndichukumise yonke indawo yesono. Ndathetha ngayo yonke into endandinokucinga ngayo. Ngoko kuhlwa emva kwenkonzo, umfazi omncinci olinenekazi wayehamba edlula, wathi, “Hayi, Mzalwan’uBranham, ndivuya mpela ngokuba ungakhange undichathe ngokuhlwanje.”

Ndancinga, “Makube nguMkristu wokwenene lowa.”

Wathi, “Awukhange undichathe ngokuhlwanje.”

65 Ndathi, “Kulungile, ndivuya ngenene ukuva oko, nkosazana, unokuba usondele eBukumkanini bukaThixo.” Waze wayakutshonela ke.

66 Kukho inenekazi elidala elalime apho. Ndathi, “Khawutsho, uyamazi laa mfazi?”

“Ewe.”

Ndathi, “Inokuba unguMkristu wokwenene.”

67 Wathi, “Inye into osileleyo ukuyibetha ngokuhlwanje, Mzalwan’uBranham, ibikukuhleba. Ungoyena mhlebi uphambili apha elizweni.” Nantso ke, yiloo nto, ‘yabona.

68 Kodwa xa ufika kwenye yezo zinto, akukhathaliseki nokuba umshumayeli uyibethile na eqongeni okanye hayi, xa ubona ezo zinto zizezenyama zehlabathi, okoko nje usanyamezelana nazo, ukude noThixo, noMoya oyiNgcwele uyakuhlala ekude. Naso isizathu sokuba iinkonzo zingabi njengokuba zazikade ziba njalo. Naso isizathu sokuba imfuzo yokubhugeka phantsi kwakudala ingabikho kuloMnquba kusasanje. Naso isizathu sokuba iinkonzo zeentente ezinkulu zingafumaneki apha kweli lizwe, kungokuba silenze buhlungu salimkisa iHobe elithozamileyo likaThixo. Kunjalo. Akanakuhlala nathi okoko nje sisedikidiki, okoko nje sisahleba, “Sifuna ukuzibonela!”

69 Ngoku, ndifuna ukuba niqaphele, imvana yayiyimvana ethuleyo, IBhayibhile yathi, “Akazange awuvule umlomo waKhe. Njengemvu phambi kwabachebi, Waba sisimumu.” Akazange awuvule umlomo waKhe. Wayengengomfo ufuna ilungelo lakhe. Hayi, mhlekazi, Wayekulungele ukuncama amalungelo aKhe. WayeyiMvana ethuleyo.

70 Kodwa, namhlanje, owu, bethu, indlela esizifuna ngayo iiyantlukwano! Owu, bethu! “Ndiyakuxelela, ungakhe wenze nje ukuba kubekho umntu onento ayithethayo kum, ndizakusuka ndiye kuye, mfo, ndiyakumkrazula inene. Ndiyakumxelela laa mhanahanisi mdala ndakumbona!



Uzulinde nje ndide ndimbone! Makabongwe uThixo, haleluya! Ehe-e-e!” IHobe lisuka Libhabhe limke ngoko. Kunjalo. UMoya oyiNgcwle awusekho kuwe ngoko, kwanje ukuba uzive oloo hlobo. Kubhale phantsi oko encwadini yakho, Awungeke uyenze loo nto. UMoya oyiNgcwele awungeke uhlale kwindawo apho kukho umoya ololo hlobo. Kufuneka ukuba ibe ngumoya wemvana, umoya ozolileyo, kungenjalo Awusokuze uhlale nawo, nantso kuphela into onayo; ukuba awuthozamanga, uthobekile, ukhokelwa nguMoya oyiNgcwele. Kwaye ukuba kukho nantoni na evelayo, Awuyi kuyisa so konke, uyaqhubeka nje. Yabona? Kwaye kwangaloo mzuzu iguqukela ecaleni, uyazi, kungoko. . . wakuguqukela ecaleni.

<sup>71</sup> Uyazi, isono sokuqala saqala ngomntu owaguqukela ecaleni okomzuzu nje. Ubuyazi loo nto? Itshilo iBhayibhile. U-Eva waguqukela ecaleni umzuzwana nje, ukuba eve ukuba uSathana wayeza kuthini na, waze wamzobela umfanekiso owaba mhle kangako kuye wade wacinga ukuba ngenene yayiyiNyaniso. Waze wamphulaphula.

<sup>72</sup> Kwaye inye kuphela into afuna uyenze uSathana, kukuba ujikele ecaleni okwemizuzwana embalwa. Uyakwazi ukuwuzoba umfanekiso, athi, “Ngoku, khangelapha. Uyazi, mzalwana, uyazi, dade, ukuba bebeludidi olululo lwabantu, bebengenakukwenza *oku*. Ukuba banokwenza nje *oku* qha, uyazi.” Uyakwazi ukuyenza ide ikhangeleke iyinyaniso yokwenene kuwe. Kunjalo! Kodwa khumbula, nguSathana!

<sup>73</sup> Andikhathali nokuba bawe kangakanani na, beyele kangakanani na esonweni, ngumsebenzi wakho ukubeka ingalo ngaphaya kwabo ubakhuphe ubanyuse ngothando lukaThixo. Wawuphi ngokuya ihobe likaThixo wakukhupha eludakeni lodongwe? Ngumsebenzi wakho, mhlobo wam. Ihlabathi liyafa kukuswela intwanana yothando. I. . .

<sup>74</sup> Ndifuna ukuba nisiqaphela esi silwanyana, naso, esi silwanyana sincinane, sasiyimvana kuba asizange. . . ngethuba Sasinyeliswa, asizange siphindise sinyelise. Asizange sibhabhazele siqhubeke, sixambule sixoxe siye phambili, Asizange siyenze loo nto. Xa umntu othile. . . ngethuba Sasinyeliswa, asizange siphindise sinyelise. Asizange siwuvule umlomo waSo.

<sup>75</sup> Kodwa angathi ekhe umntu wenza into kuwe mhlawumbi kum, owu, bethu, siyakhukhumala okwesele eliyindubula lisitya, sivuthelane ngokwe—ngokwerhanisi elidala. “Ndizakukuxelela khona ngoku, undinyathele ezinzwaneni ngolo hlobo kwakhona, andinakuphinda ndiye kuleya inkonzo kwakhona. Hayi, mhlekazi! Makabongwe uThixo! Haleluya! AmaNazarene azakundamkela, aboHambo lobuNgcwele, bayakundithatha. Haleluya. Akusafanelanga ukuba ndiyenze le nto kwakhona.” Kulungile, iHobe Liyabhabha ke.

<sup>76</sup> “Uyazi yintoni? Ukuba laa mhanahanisi mdala uhamba laa nkonzo, andinakuphinda ndiye kwakhona. Makabongwe uThixo, andinakuphinda ndenze njalo!” Yakukuntlitha loo nto, oko kuvungama kudala kwengcuka, iHobe Liyabhabha. Kulungile. Ngoko ke uMoya oyiNgcwele umkile.

<sup>77</sup> Umangaliswe ke ngoko ukuba utheni na. Umangaliswe ukuba yintoni na undonakele ebandleni. Umangaliswe ukuba kwenzeke ntoni na kuwe. Kutheni ungenaloyiso ngendlela owawukade unalo ngayo nje? Utshintshe imveli. Usuke wayibhokhwe endaweni yegusha. Ube yenye into engaphandle kwemvana.

<sup>78</sup> Kufuneka ube naloo Moya uthobekileyo kanye. “Mandikhokelwe nguMoya oyiNgcwele kuyo yonke indawo. Thixo, ndithanda wonke umoni, kungenamsebenzi nokuba uphi na.” Loo ndawo injalo yakungena entliziyweni yomntu, ngoko ke uzakubona kukho into eyenzekayo, kumphefumlo wakho.

<sup>79</sup> Wena uthi, “Ke, Mzalwan’uBranham, ingaba sikhona isisombululo saloo nto?” Ewe, yiba yimvana nje, kuphela ke. Uthi ke, “Hayi, Mzalwan’uBranham!”

<sup>80</sup> Ndakha ndahlangana nenenekazi eliselula ngobunye ubusuku, ezantsi eShreveport. Mna noBilly sasiye kwindawo ethile siyokufuna iqebengwana emva kokuba inkonzo iphumile. Inenekazi elihle eliselula langena apho, ngokuphandle iyintombazana eselula, mhlawumbi ikumashumi amabini okanye into enjalo, linxibe kakuhle. Lahlala phantsi. Ndaliqaphela lithe roqo lijonge kwelo cala. Ndaqhubeka mna ndisitya. Emva kwemizuzu embalwa langena eli nenekazi. Lathi, “Ninjani?” Ndathetha nalo. Ndandisazi ukuba eli nenekazi nguDade uDavis lo uphaya ezantsi. Inguye nelinye inenekazi laphaya kwi-Life Tabernacle, ndandibazi kakhulu, weza wathetha nam, wahamba. Ngoku elo nenekazi liselula lihleli ngaphaya, lathi, “Mzalwan’uBranham, ibinguMyalezo omnandi lo wangokuhlwanje.”

<sup>81</sup> Ndathi, “Ninjani, dade?” Ndathi, “Enkosi, kakhulu.” Ndaze ndathi, “Ulilungu le-Life Tabernacle?”

<sup>82</sup> Lathi, “Ndililo.” Lathi, “Uyazi, Mzalwan’uBranham, ngendandicule ekwayaleni, kodwa benza umqathango phaya ezantsi.” Lathi, “Ndibe, owu, nemininzi kangako iminyaka yokuqhelisa ilizwi, nayo yonke into.” Lathi, “Ndacula ii-solo ndaze ndacula nezinto ezithile.” Lathi, “Kodwa, andi—andizange ndibe nakucula, ngokuba bano—banomqathango wokuba ‘akukho mfazi uziqaba ubuso unoku—unokucula ekwayaleni.”

Ndathi, “Ke, makabongwe uThixo ngeLife Tabernacle!”

<sup>83</sup> Lathi, “Hayi, ndiyakuxelela, Mzalwan’uBranham,” lathi, “ndinguMkristu.”

<sup>84</sup> Ndathi, “Ngoko ke, dade, goduka uhlambe ubuso bakho, okanye nantonina oyenzayo.” Ndathi, “Uthetha ukuba uzakundixelela ukuba ungayeka into encinci olo hlobo enjengokuqaka intwana yaloo nto indala ebusweni bakho. . .”

<sup>85</sup> Kwaye ndinganibonisa phandle ukuba laa nto ivela kuSathana. Ndinganibonisa ukuba akukho nto e. . .Imveli yayo yayingabahedeni. Kwaye okoko nje usayiqaba, luphawu lomhedeni. Ngoku, ndisandula ukuvela e-Afirika, kwaye bendingene kumahlathi ooNoqhakancu ndafumanisa apho amacici, apho zivela khona zonke ezo zinto, nayo yonke le nto, into eninzi yobumenyemenye ijikileze intamo yakho neendlebe nayo yonke into, apho ivela khona loo nto. Ngabahedeni. Ibhayibhile ke ayifuni ukuba uMkristu abe ngumhedeni. Nawe awufuni. . .Anditsho ukuba ungumhedeni ngenxa yokuba uyenza loo nto, kodwa uzenza ukuba ukhangeleke ngathi unguye. Kungokuba umfundisi wakho akazange akuxelele iNyaniso. Yatsho iBhayibhile.

<sup>86</sup> Ngoku ke uthi, “Mzalwan’uBranaham, ndicinga ukuba xa ndinenwele ezimfutshane, zindenza ukuba ndiphole nayo zonke into enjalo.” Kulungile, kodwa ukuba ubunenwele eyinde ubuya kuphola ngakumbi. Ibiyakukususa konke okujikele entanyeni yakho, kukusonge kudibane kube yinto elungileyo.

<sup>87</sup> Ngoba, uyayazi into eyathethwa yiBhayibhile? Eyokuba, indoda inelungelo lokuyigxotha inkosikazi yayo ifune isivumelwano sokwahlukana kuyo ukuba iyazicheba iinwele zayo. Ukuba icheba iinwele zayo, oko kubonisa ukuba iphila ngokungathembeki kuyo. IBhayibhile itshilo, 1 Korinte 12, fumanisa ukuba asiyonyaniso na leyo. Yena lowo. . .Umfazi ocheba iinwele zakhe uyayihlaza intloko yakhe, eyindoda yakhe. Ukuba ke akanantlonipho, ifanelwe kukwaliwa kumkiwe kuye. Injalo loo nto. Kodwa, ‘yabona, umfundisi akanixeleli ezi zinto. Kungeso sizathu ke nisenza ngolu hlobo nenza ngalo. Kwaye—kwaye indoda, iBhayibhile yathi. . .

<sup>88</sup> Apha kungekudala kukho umntu obebhalile esithi, “Mzalwan’uBranham, i—ezi bhulawuzi zabafazi sizifumanayo,” wathi, “kutheni, kukuthi nje. . . ungabinakufumana bhulawuzi konke, yaye bekunokulunga ukuba thina bafazi bangaMakristu sizinxibe ezi ziyimihlehlo, inayiloni, okanye nokuba yintoni na eziyiyo ngokunjalo?”

<sup>89</sup> Ndathi, “Khangela, dade, inye nje into malunga noko. Nantsi into enye eyinyaniso: ukuba awunakuba nako ukuyithenga, bayibathengisa oomatshini bokuthunga, ungayenza.” Ndathi, “Kunjalo. Ukuyenza ukuba ikhangeleke. Cinga nje, uyazi okusentliziweni yakho kuko okuzibonakalisayo.” Indlela owenza ngayo izinto nendlela owenza ngayo, ibonisa ukuba yintoni na engaphakathi kuwe.

<sup>90</sup> Naso ke isizathu sokuba kubekho oku kuvungama nokuxambula nokuhleba, no—nokuvelana ngasemva, nokuqhubeka apha enkonzweni, yiloo nto eqhekeza ibandla. Loo nto ibonisa ukuba uSathana ungene kuni, kwaye oko kubonisa ukuba uMoya Oyingcwele unishiyile. Ngoku, ndiyazi ukuba oko kuyagxungula kwabanye benu, kodwa kufanele ukuba kwenze njalo. Ifanele ukuba yenze njalo! Ithethelwa lo nto kanye; hayi nje ukwenzela ukuba ngolumkileyo, hayi ukusebenza nje ngokulungileyo; kodwa ukunixelela apho inkathazo ikhoyo, kuba ngemini ethile ndiyakunyanzeleka ukuba ndime ndiphendule ngani. Kwaye kwa isizathu sokuba nenze nendlela enenza ngayo, ibonisa into eniyiyo. Ukuba usenalaa msindo mdala usuka usiphakamise isiciko ngomzuzwana nje, uphume nje apha phandle uqhubeke, kungenjalo ugxeke, okanye ukuthukisa nezinto ezinjalo, kubonisa ukuba kuvela phi na kanye.

<sup>91</sup> Ngoku inye kuphela into omelwe kukuyenza, khupha loo nto apho, kwaye iHobe lizakubuyela entliziyweni yakho. Lathi lakuphuma enqanaweni ihobe, lakhutshwa. Kodwa labuya laza kunkqonkqoza kwicango lenqanawa wada uNowa walingenisa. UMoya Oyingcwele ulapha. UMoya Oyingcwele ufuna ukungena. Naso isizathu namhlanje, sokuba uMoya Oyingcwele, Abe umkile kuwe ngonaphakade. Uhleli nje phaya kumasebe emithi ndaweni ithile, ulungele ukuZibhabhela ubuye ungene kuwe, uze ukunike uthando noxolo novuyo olunjengokuba wawukade unalo. Ngokuqinisekileyo, Unjalo. Ulungele ukwenza loo nto. Ufuna ukuyenza. Ulangazelela ukuyenza. Koko awuMvumeli ukuba ayenze!

<sup>92</sup> Ngoku, andithethi nani zindwendwe. Andazi ukuba umlungiseleli wenu...Ndithetha noMnquba kaBranham. Andithethi nani bantu bavela kwezinye iinkonzo. Ndithetha noMnquba kaBranham. Nantso ke ingxaki esinayo apha.

<sup>93</sup> Yiloo nto eyenza ukuba iHobe Libhabhe. Ukuba umntu othile ukhe wenza into ethile encinci apha ebandleni, into yokuqala nje, "Oo, injalo lo nto? Oo, yenzekile? Unyanisile kodwa?" Kanye ngelo thuba uMoya Oyingcwele uyahamba, abhabhe emke. Akanako konke ukumelena nomoya ololo hlobo. Nje ukuba laa moya wemvu ukushiye, uMoya Oyingcwele umka ngoko. Injalo loo nto. Yiloo nto ke undonakele namhlanje. Naso izathu sokuba abantu babe kule meko bakuyo, kungenxa yokuba bavumela umoya ongalunganga ungene ezintliziyweni zabo, ungene ebomini babo. Ngoko naso isizathu sokuba sibe ne. . .

<sup>94</sup> IBhayibhile yathi naso isizathu sokuba kubekho abantu abangaka abagulayo nabaxhwalekileyo phakathi kwethu, kungenxa yezinto ezinjalo. Kufuneka ukuba sibe ngabathambileyo. Kufuneka ukuba sibe noxolo. Kufuneka ukuba sibe yimvu, khon'ukuze iHobe lihlale nathi.

<sup>95</sup> Ngoku, khumbula, iHobe liyakuza. Uthe ke, “Owu, Mzalwan’uBranham, ungandixeleli ukuba andizange ndimamkele uMoya Oyingcwle. Haleluya! Phantsi, ngobusuku ngobunye ubusuku, Awangena ngabo, ndaba nokuhamba nje...” Kuba ngokuqinisekileyo, yayinguYe lowo! “Owu, ndaziva ndonwabe kakhulu. Ndaziva ngokungathi ndingafumana zonke iintakana ezisemthini ndizange ndizithande. Oyena mntu ukhohlakeleyo kum owakha wandenza nayiphi na into, ndaziva kungase ndolule iingalo zam ndimange. Owu, Mzalwan’uBranham, indlela endaziva ndiyiyo!” Ngokuqinisekileyo, yayinguMoya Oyingcwele lowo.

<sup>96</sup> Kodwa, uyabona, isizathu sokuba Angabi nakuhlala. Wawuyimvu ngokuya; kodwa wathi wakuba yingcuka, Wanyanzekeka ukuba Abhabhe. Akukho ngxaki kwi—kwi—Hobe; nguwe lo, xa ke uthe wawuvumela loo moya ungene kuwe. “Ingaba ndiwumele, Mzalwan’uBranham?” Ewe, ngokuya ubuyokuphulaphula laa ntlebendwane, ngokuya ubuphulaphule oba buxoki, ngokuya ubuyokuthi, “Kulungile, ndinelungelo lokukwenza!”

<sup>97</sup> Awunalo kwalungelo! Uthengwe ngexabiso, yayilixabiso leGazi elinexabiso loNyana kaThixo ke elo. Awunalungelo lilelakho ke. Haleluya! Ilungelo onalo linye kuphela, kukuba, uze kuMthombo ozaliswe liGazi elitsalwe kuMthambo ka-Imanuweli, apho bathi aboni abafakwe phantsi kweso sikhukula balahlekwe lilo lonke ibala labo lobutyala. Ewe, mhlekazi. Nalo kuphela ke ilungelo, kukuzithandela okunikezelwe, kuThixo, ukuze uThixo ke ibenguye okhokelayo oko ukusukela apho. Yiloo nto ebanga indibano... Yiloo nto ebanga izinto ezingaka ezingaqhelekanga. UMoya Oyingcwele uyakuya endaweni, uMoya Oyingcwele utshilo, “Le nto ayilunganga. Khawume ngale nkonzo, yiya phaya ngaphesheya.” Ndiyakuyimisa, nam, mzalwana, ndigqithele phambili. Injalo loo nto, ngokuba umelwe ukhokelwa nguMoya kaThixo. Inye ke kuphela indlela yokukhokelwa nguMoya kaThixo, kukuzigcina ungothambileyo, ungabikwinto yonke le.

<sup>98</sup> Owu, uyacinga, “Ndazi lukhulu.” Ewe, wenza nje ukuba ingqondo yakho isetyenziswe idinwe ide ingakwazi nokuzisebenzela. Uzazi zonke iincwadi nazo zonke iimpuzulo, naso sonke isiGrike nesiHebhere, ungabinayo nandawo yokuba iHobe lakhele. Kunjalo kanye. Kodwa ke wazi konke, ngoko ke iHobe alinakukukhokela, kuba wazi kakhulu.

<sup>99</sup> Imvu ayibangi kuba inanto iyaziyo. Inomntu ongomnye wokuyikhokela. Uzuko! Yiloo nto. Andazi kwanto. Amen. Inye into endiyaziyo, kukuba, uKristu uYesu wafela ukundisindisa.

<sup>100</sup> Phaya ezantsi eCalifornia kwakukho umfana owayesiza, enombhalo ngaphambili kuye, usithi, “Ndisisidenge

sikaKristu,” uze ngemva uthi, “Usisidenge sikabani wena?” Injalo loo nto. Yiba sisidenge, kwihlabathi, ukuze ube unokukhokelwa nguMoya Oyingcwele, kuba oonyana neentombi zikaThixo bakhokelwa nguMoya Oyingcwele. KuMaroma 8:1, yathi, “Ngoko ke, ngoku akukho kugwetywa kwabakuKristu Yesu; abangahambiyo ngokwenyama, abahamba ngokoMoya,” abangahambi ngokwengcuka, koko ngokweHobe. Amen.

<sup>101</sup> UDoc wayedla ngokucula iculo elithi, “Zalisa indlela yam mihla yonke ngothando, ndisahamba neHobe leZulu; mandihambe onk’amaxa ndineculo noncumo, zalisa indlela yam mihla yonke ngothando.” Ingangumhla onjani woxolo kuMnquba kaBranham, mhlawumbi nayiphi na enye inkonzo mhlawumbi nawuphi na umntu, xa eya kunikezela ngamalungelo akhe, khon’ukuze abe yimvu.

“Yintoni umbuzo, Mzalwan’uBranham?”

<sup>102</sup> Buyela kwimvu, buyela ekubeni ngothambileyo, buyela ekungazini nto, buyela ekuzinikezeleni kuKristu. Musa ukuzama, musa ukuzama ukwazi nto. Hamba nje ngokuthobeka, ngokuzolileyo, ngokuzithoba, ngobunono, iHobe ke liyakukhokhela. Kodwa nanini na ubona... usiya kuphulaphula laa ntlebendwane, nanini na usiya ekubeni naloo msindo unyukayo, nanini na usiya ekucingeni ukuba unelungelo lokwenza *oku* nokwenza *okuya*, iHobe lisuka nje Libhabhe linduluke limke. Ngoko ke awusenaLo konke konke. Ngoku, alikudanga kakhulu kuni kusasanje, bandla. Lihleli phaya phandle phezu kweceba lesebe lomthi, lilindele ukuba uguqule isimo sakho. Amen.

<sup>103</sup> Into oswele yona namhlanje kukunikezela ngawo onke amalungelo akho, kukuyeka uThixo akungqengqise akuchebe onke amalungelo akho awasuse kuwe. Amen. Ungakhe uqikelele nje indlela ethi imvana, zonke—zonke izichebo zijika phezu kwayo? Ngamalungelo ayo, ewe. [UMzalwana uBranham ulinganisa igusha ekhefuzelayo—Mhl.], idiniwe, isuke nje ingqengqe phezu kwetafile yokuchebela. Bayazi ukuba yintoni na eyona iyilungeleyo. Bawathabathe onke amalungelo ayo emke kuyo bawachebe, indlela ebaleka iphole ilula ngayo. He-h, he-h, yonwabile, ixhuma ijikeleza inexesha elimnandi. Ewe, mhlekazi. Ukuba uyakumanikezela amalungelo akho, ufumana loo nto. Kodwa kufuneka uwayeke amalungelo akho uvumele iLizwi likaThixo lilichebe lilisuse lonke ihlabathi kuwe, lisuse yonke imikhwa yehlabathi, uze ube sisidalwa esitsha kuKristu.

<sup>104</sup> Apha kwixesha elithile eladlulayo, phaya ngaphesheya e-Afrika, ndandincokola no—nomntu ongcwele omdala. Wathi, “Mzalwan’uBranham, ndiyazi ukuba uyakholelwa kwimpiliso yamandla angaphezu kwendalo.”

Ndathi, “Ngokuqinisekileyo, mzalwana wam.”

105 Wathi, “Kwiminyaka eyadlulayo ndandizicingela ukuba ndinguthile.” Wathi, “Ndandizicingela ukuba ndinguMkristu wokwenene.” Waze wathi, “Kwaze kwathi phaya phezulu enkonzweni... Kwafuneka ukuba ndinyuke induli, kuloo ndawo ndandiyimise kuyo inqwelwana yam.” Waze wathi, “Kwafuneka ukuba ndinyuke induli emalunga, owu, namakhulu amathathu okanye amane eeyadi, ndijikela ngaphaya kwamatyholo nezinto ezinjalo ndinyuka.” Wathi ke, “Sasizakuba nenkonzo yomthandazo phaya phezulu.” Wathi, “Ndandicinga ukuba ndinguMkristu wokwenene.” Wathi, “Ndandiyazi yonke iBhayibhile. Ndasifunda sonke isiHebhere. Ndafunda konke ukubizwa ngendlela eyiyo kwamagama.” Wathi, “Wonke umntu owayesiza kum, ndandiba nakho” [UMzalwana uBranham uqhwaKrazisa umnwe—Mhl.] “ukuthetha naye lula kangako ngeBhayibhile. Ndandiyazi kakuhle into endithetha ngayo.” Wathi, “Ngobunye ubusuku ndandinyuka ndisiya phaya enkonzweni. Kwakukho ingxabano eninzi enkonzweni yethu.” Wathi, “Kwakukho amaqelana awayengavumelani. Uyazi indlela athi avuke ngayo.”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

106 Wathi, “Endleni yam yokunyuka induli, ndandihamba, kwaza ngequbiso ndaqaphela ukuba kukho umntu ondilandelayo.” Waze wathi, “Ndacinga ukuba ndiyakukhe ndilinde kancinane nokuba yayingubani na, ukuba andifumane, ndize ndincokole naye njengokuba sinyuka ngendlela.” Uyazi, yinto ebulunga ngenene leyo, ukuba ulinde nje umzuzwana. Waze wathi, “Ndisenyuka induli njalo,” wathi, “Ndenyuka. Kwakho indoda enyuka induli,” waze wathi, “Yayinenyanda emhlana Wayo eyayinkulu kakhulu kunaloo Ndoda.” Wathi, “Yayikhefuzela nje ifutha, ithabatha amanyathelo nje amancinane, izama ukunyuka. Ndaze ndathi, ‘Mfondini, ndingaKuncedisa ukunyusa lo mthwalo apha endulini?’ Yathi, ‘Hayi, Ndim ofanele ukuwuthwala.’” Wathi, “Ndayijonga kwizandla zaYo,” wathi, “Ndazi ke ngoko ukuba yayingumbono. Yayinamanxeba ezandleni zaYo.” Wathi, “Ndawa phantsi, ndaze ndathi, ‘Nkosi, Uthwele izono zehlabathi kuloo ngxowa?’ Wathi ‘Hayi, ndiphethe ezakho kuphela. Ndikunyusa nje induli, ukuze nje ube nokuqabela.’”

107 Injalo ke loo nto. Ukuba nje singakhe sibhekabheke, singafumanisa ukuba Uthwele ezethu. Ayikwenzi uzive umncunane loo nto? Iintliziyi zethu, ezingcolileyo, ezikhohlakeleyo, ngenxa nje youbu sinokuzenzela!

108 Kwixesha elidlulileyo apha ndandizingela. Njengokuba nisazi, ndiyakuthanda ukuzingela. Kwakukho umfo okhohlakeleyo kwelaa lizwe, wayengumfo okhohlakeleyo. Wayedla ngokuhlekisa ngam ngokuba ndandingena kuzidula iimazi namathole eenyamakazi. Ndandisithi, “Bubugwinta

obo.” Ndathi, “Kutheni ungabi ngumzingeli onguye nje, ongcewele udubule iinkunzi nezinto ezindala esezindala nesezilungele ukufa. UThixo wasinika zona, ubayeke omama aba base bancinane nezinto ezinjalo.”

<sup>109</sup> Wathi, “I-i, ungumshumayeli nje, oligwala!” Waba soloko endixelela loo nto.

<sup>110</sup> Ndathi, “Ngoku, khangela, ukuba bendilambile ndizingela ndizifuna eza mazi, ndiyakholwa ukuba uThixo ebenokwenza ukuba ndizifumane. Kodwa ukuyidubula nje ndisenzela ukuzibonakalisa ubukrelekrele,” kwaye, wayezalisa inqwelo yonke. Wayehamba ke azibizele, uhlobo oluthile lomlozi, wayewubetha ke loo mlozi uvakale kanye njengethole eliselincinane likhala. Ngenye imini sasiphaya ematyholweni kunye. Ndamgxeka, ndathi, “Ngendineentloni ngesiqu sam.” Ebulala isibhozo okanye ishumi lamathole ngaxesha-nye, ukuba wayenokuba nako, eyenza yonke loo nto, ukuzibonakalisa ubukrelekrele, mhlawumbi asike nje ezindawo zingemva azishiye iindawo eziseleyo zilele apho. Ndathi, “Awufanelanga ukuyenza loo nto.”

“Ehe-e,” wathi, “Nina bashumayeli ningamagwala kakhulu!”

<sup>111</sup> Ngenye imini wema phaya emva ematyholweni, wenza lo mlozi wakhala, watsho wavakala ngokwethole elincinane likhala. Wathi kanye xa esenza loo nto, imazi entle yenyamakazi yathi gqi intloko, yavela ihamba ikhubeka. Wawunokuwabona amehlo ayo amakhulu amdaka ejongile. Yayothukile. Yayiphunguza. Umzingeli wavumbuluka, wakhupha umkhonw'ekati wakhe ezakudubula imazi yenyamakazi. Imazi leyo yambona umzingeli. Kodwa, uyazi yintoni, ngokwa kukhala kwelaa thole, ayizange iwuqaphele laa mpu. Yayikhangela olwa sana, yayisenkathazweni. Uyazi, loo mboniso womama wokwenene nothando lukamama, yada yajongana nompu ebusweni, ijonge ngolo hlobo emlonyeni wompu, ekufeni, ijonge kulaa mlomo wompu. Uyazi yintoni, yayiyinto enkulu kakhulu leyo, yasondela kufutshane kuye, wawulahla phantsi umpu wakhe! Wabaleka wabuya umva wandibamba ngengalo, wathi, “Billy, ndithandazele, ndanele yile nto!” Akubona oko kubonakaliswa kobugorha bobumama!

<sup>112</sup> Owu, lakuthi ihlabathi libone ukubonakaliswa kothando lukaThixo, nokuthobeka kwentliziyo yethu yobuntu, iyakuba ngumahluko onjani. Xa sithe savumela iHobe likaThixo ukuba lingene entliziyweni yethu lisithambise, lisenze sithobeke.

<sup>113</sup> Apho kwelo tyholo lemithi phaya endle, ndandimi apho ndithandazela loo mfo mdala, ndamkhokelela kwiNkosi uYesu. Ukusukela ngoko ke, waba ngumzingeli olungileyo, ohlambulukileyo.



114 Ngokuqinisekileyo, wayecinga ukuba wayenelungelo, wayenokwenza into afuna ukuyenza. “Zisemhlabeni wam nazo, zidla illusini yam phaya ezantsi xa zifuna ukwenza njalo.”

115 Ndathi, “Injalo loo nto, kodwa asibobuntu ukwenza into enjalo.” Kufanele ukuba uwancame amalungelo akho. Owu, Thixo, yiba nenceba, ukuze senze njalo.

116 Apha kwixesha elithile elidlulileyo, kwi, owu, malunga nekhulu leminyaka eyadlulayo, kwakukho uMkristu omkhulu owayehlala emazantsi-ntshona eZizwe eZimanyeneyo [eMelika—Mguq.] Igama lakhe lalinguDaniel Curry, indoda engummangaliso, indoda enobuthixo, indoda engcwele, uMkristu wokwenene, indoda awayeyibeka phambili ngokwengcinga wonke umntu, umntu omangalisa olo hlobo. Ibali ke liyaqhuba, lithi wafa mhlawumbi wehlelwa lithongo, waze wathi. . . akunyuka aye eZulwini, kakade, ekubeni efile. Wathi akufika kweloo sango likhazimlayo, umgcini-sango weza esangweni, wathi, “Ungubani?”

117 Wathi, “NdinguMvangeli, uDaniel Curry, ndimfumenele amawaka emiphefumalo uKristu. Ndaye ndi. . . Ndifuna ukungena kusanje. Uhambo lobomi bam luphelile emhlabeni, andinandawo ndinokuya kuyo ngoku.”

118 Yindlela ekuyakwenzeka ngayo kuwe leyo ngenye intsasa, moni. Yindlela ekuyakwenzeka ngayo kuwe, mxkreqi. Yindlela ekuyakwenzeka ngayo kuni nina nenze buhlungu uMoya Oyingcwele wemka kuni, nize ningabi ngabathambileyo nabathobekileyo kwakhona. Nilile iminyaka emininzi. Anikhange nibe nazintloni, isithuba andazi nokuba singakanani na. Nako konke ukululama kumkile kuni. Ngokuqinisekileyo. Kodwa iyakuza kowakho umyango ngenye yezi intsasa. Kwaye njengokuba uMoya Oyingcwele othambileyo esiza ankqonkqoze, kutheni ungavele Umvulele nje?”

119 Ngoko ke wathi uDaniel Curry akufika apho e—e—esangweni, bangena, bathi, “Sizakubona ukuba likhona na igama lakho apha.” Bakhangelela kuyo yonke indawo, ababi nakufumana gama. Bathi, “Hayi, akukho Daniel Curry apha.”

120 “Owu,” wathi, “ngokuqinisekileyo!” Wathi, “Ndingumvangeli.” Wathi, “ndimzuzele imiphefumlo uKristu.” Wathi, “ndizame ukwenza into eyelungileyo.”

121 Umgcina-sango wathi, “Mhlekezi, ndilusizi ukukuxelela, kodwa akukho Daniel Curry apha.” Wathi, “Ndiza kukuxelela into osenokuthi uyenze.” Wathi, “Asinalungelo apha lokuwuthabatha umbandela wakho.” Wathi, “Kodwa ukuba uyafuna ukubhena malunga nombandela wakho? Ungayakuwubhenela kwiTrone eMhlophe yoMgwebo, ukuba uyafuna.” Kodwa wathi, “Asinanceba sinokuyenza apha

ngawe, konke, ngokuba asikufumani apha. Akukho ncenba unokuyifumana.” Wathi, “Uyafuna ukubhena ngesigwebo sakho?”

Wathi yena, “Mhlekezazi, yintoni enye endinokuyenza ngaphandle kokusibhenela isigwebo sam?”

<sup>122</sup> Wathi, “Kulungile, ngoko, ungaya kwiTrone eMhlophe yoMgwebo ubhene ngesigwebo sakho khona.”

<sup>123</sup> UDaniel Curry wathi waziva ehamba ephumela kwisithuba esisemoyeni isithuba esingangeyure. Uthi wayakungena kwindawo, ekwaya kukhanya, kukhanya, kukhanya, kukhanya. Wathi, okukhona wahambela phambili, kokukhona kwaya kukhanya. Kwakuphindwe kalikhulu, kangamawaka ukukhanya kunokuba likhe likhanye ilanga. Uthi ke wayengcangcazela, engcangcazela. Wathi ke, akungena koko kukhanya, weva iZwi lisithi, “Wawugqibelele na emhlabeni?” Liphuma nje e—eKukhanyeni.

Wathi, “Hayi, ndandingagqibelelanga,” waqala ukungcangcazela.

Lathi, “Ingaba wabasoloko uthembekile kumntu wonke?”

<sup>124</sup> Wathi, “Hayi.” (Wathi, “Kwafika izinto ezimbalwa engqondweni yam endandingathembekanga ngokupheleleyo ngazo.” Wathi, “Hayi, ndi—ndi—ndiyaqikelela ukuba andizange ndithembeke.”)

Wathi, “Ingaba wathetha inyaniso kwimeko nganye, ebomini bakho?”

<sup>125</sup> Wathi, “Hayi. Ndikhumbula into endakhe ndayithetha eyayiqondakala . . . eyayingaqondakali. Andi—andi—andi—andizange ndinyaniseke ngokupheleleyo.”

<sup>126</sup> Wathi, “Ngoko, wakhe wathabatha nantoni na eyayingeyoyakho, nantoni na, imali, nantoni na eyenye eyeyayingeyoyakho?”

<sup>127</sup> Wathi wayecinga ukuba emhlabeni wayelungile ngenene, kodwa waba ngogwetyiweyo. Wathi, “Hayi. Hayi, ndazithabatha izinto ezazingezozam.”

Wathi, “Ngoko ke wawungathembekanga.”

Wathi, “Hayi, ndandingagqibelelanga.”

<sup>128</sup> Wathi wayekhangele ukuba nangawuphi na umzuzu kuyakuphuma uqhushumbo oluvela kokuya Kukhanya kukhulu apho laliphumle khona iHobe, “egwetyiwe!” Wathi, kodwa kanye ngoko weva iZwi livela emva kwakhe, elalimnandi ngaphezu kwalo naliphi na ilizwi likamama awakhe waliva. Ngoko ke waguquka wajonga. Obona buso buthandekayo wakhe wabubona, buthandeka ngaphezu kwabo nabuphi na ubuso bukamama, babumi phambi kwakhe. Laze

ke Lathi, “Bawo, uDaniel Curry waNdimela ezantsi emhlabeni. Yinyaniso, ukuba wayengagqibebelanga, kodwa ke waNdimela. WaNdimela emhlabeni, ngoku ke Ndizakummela eZulwini. Zithabathe zonke izono zakhe uzibeke endaweni yaM.”

<sup>129</sup> Ngubani oyakukumela wena ngaloo mini, mzalwana, ukuba uthe waMenza buhlungu wemka kuwe namhlanje? Andinakukwazi ukushumayela kwakhona. Masithobe iintloko zethu.

<sup>130</sup> Thixo othandekayo, Mvana efayo ethandekayo, elulamileyo, ethobekileyo, ephantsi. Iintaka zinezindlu neempungutye zinemingxuma, kodwa Awuzange ube nandawo, nangoko, nangona, uyiyona Nkosi yoZuko! Ekuzalweni kwakho, abazange babe nazimpahla zoKukwambesa. Owu Thixo, ziluncedo ngani ke kum iimpahla zam? Indinceda ngantoni ke inqwelo yam? Lindinceda ntoni ikhaya lam elihle? Iyakuba luncedo lwantoni ngaloo mini? Wawungenamhlobo; kwakungekho mntu ufuna buhlobo naWe. Akuzange kubonakale ngathi kukho mntu wayefuna uKukunceda. Wathi ngaloo mini Uyakuthi, “Ndandilambile, anizange niNdondle. Ndandize, naza anaNdambesa.” Luncedo luni okuyakusenzela lona konke esinako ngaloo mini, Nkosi? MasiKumele, ukuze kwakufika loo yure sihambe singene kubuKho baKhe, Okho kwindawo zonke, Ono . . .Owu Thixo, xa sisiva elaa Hobe, ngamaphiko Alo lihleli phaya kokuya Kukhanya kukhulu, liyakubhabha kwinguNaphakade lonke. Xa, uyakube uhleli ekuKhanyeni!

<sup>131</sup> Apho kuyakufuneka ukuba ndime ndedwa, umntakwethu akasekho, umfundisi wam akasekho, umama akasekho, utata akasekho, inkosikazi yam ayisekho, abantwana bam abasekho. Owu Thixo, ndiyakwenza njani ngoko, Nkosi? Ndiyakwenza njani ngoko, Nkosi? Ndiyakwenza ntoni ngoko? Kwaye ke ngoko kusenokuba phambi kokuba litshone ilanga ngokuhlwanje. Kodwa ndiyakwenza njani? Ndingenza ntoni? Owu Kristu, ndiyakuKumela ngoku! Ndizakuzikhethela namhlanje. Ndizakukuyeka konke ukuthetha ngabanye abantu. Ndizakuwuyeka wonke umsindo wam. Ndizakukuyeka konke ukwahluka kwam. Ndizakuyeka yonke into. Ndicebe, Nkosi, thabatha konke endinako. Ndithabathe nje kuphela, Nkosi. Ndi—ndi—ndifuna ukuma endaweni yaKho. Ndifuna ukuchetywa. Ndifuna konke ukuzithanda, lonke ikratshi, nokungakhathali, zisuswe kum. Ndize ke ndifune ukuKumela, ndiyimvu echetyiweyo, elungele ukuncama lonke ulonwabo lwezinto ezibizwa ngokuba lulonwabo lobomi, konke ukudanisa, nazo zonke ii-pati, iimpahla ezindala zobukrwada, ukuziqaba, isiqabi-milebe, ipolishi yeenzipho, konke oku kungakhathali kufana nehlabathi. Wathi, ‘Musani ukwenza kwakwenza ngokwehlabathi. Musani ukumanyana nehlabathi. Phumani phakathi kwabo!’ Owu Thixo! Ndinceda, Nkosi.

Ndichebe namhlanje. Ndithabathe njengemvu undenze ndibe sisimumu, ndingawuvuli umlomo wam, kungabikho nto ndiyithethayo malunga naloo nto, ndisuke ndime nje ndichetywe.”

<sup>132</sup> Owu Thixo, yenza onjani wona umahluko! Ndikhumbula ngokuya wawukhe wandicheba ngaxesha lithile, wathabatha inkosikazi yam, usana lwam, notata wam, nomntakwethu, wandicheba ndaguda. Koko, entliziyweni yam, ndandisazi ukuba ndiyaKuthanda. Indlela Owandisikelela ngayo, nendlela le Ubulunge ngayo! Konke endikuko, konke ebendinokuba kuko, nako konke endandinokuba kuko; nguWe, Thixo, nguWe kuphela. Ndiyabuvuma ububi bam, ndivuma konke endakha ndakwenza mhlawumbi ndakucinga. Ndichebe nje ndonke, Nkosi, ndifuna ukuba yimvu yaKho.

<sup>133</sup> Asiyiloo nto kuphela ke, Nkosi, kodwa thabatha wonke olapha kusanje, zonke izimvu, kunye nabo bayakufuna ukuba zizimvu, zichebe zonke, kusanje, Nkosi. Beka iinyawana zazo phakathi kwemihlambi yeVangeli. Wanga uMoya Oyingcwele angabakhokelela enguqukweni khona ngoku, bazi ukuba bebengathembekanga kuThixo. Kwaye Wanga angacheba konke ukungakhathali kusuke, lonke ihlabathi nazo zonke izinto zehlabathi. Lichebe lisuke lonke kusanje, Nkosi, ukuze sime nokuma sipholile sizolile phambi kwaKho, ngokwaMakristu azelwe ngokutsha. Siphe loo nto, Nkosi.

<sup>134</sup> NdiyaKuthanda. Ndifuna ukuya, akunamsebenzi nokuba imo-zulu ishushu na, nokuba ndiziva ndifuna ukwenza njalo na okanye hayi. Ndifuna ukuhamba. Ndifuna ukuKumela, kuba ndifuna ukuba Ulithethelele ityala lam ngaloo mini, uthi, “Kulungile, waNdimela, ngoku Ndizakumela yena.” Owu Thixo, ndiphe oko namhlanje.

<sup>135</sup> Ngoku ke ngelilixa zonke iintloko zithotywe, nazo zonke iintliziyi zithotywe. Ingaba ukhona kusanje oziqondayo ukuba uzame indlela eyeyakhe, uzenzile ezi zinto bezingafanele kwenziwa, ube uziva kusanje ukuba ungathanda ukuba iNkosi ikuchebe, uthi, “Ndenze ndibe yimvu yokwenene,” ungasiphakamisa isandla sakho. UThixo akusikelele, nkosazana. UThixo akusikelele, mzalwana. UThixo akusikelele, mzalwana. Ukhona omnye othi, “Ndichebe, Nkosi, ndimile. Ndiyimvu. Andisayi kuwuvula nokuwuvula umlomo wam, Ndifuna nje ukuba ibe nguWe oliqhawula lisuke lonke ihlabathi kum.” UThixo akusikelele, mzalwana. UThixo akusikelele, nkosazana. UThixo akusikelele, mfanyana. UThixo akusikelele, nkosazana. UThixo akusikelele nawe, dade. “Ndichebe, Nkosi.” Dad’uGertie . . . [Umdlali wepiyano—Mhl.] UThixo akusikelele, nkosazana, UThixo akusikelele nawe, dade. “Ndichebe ngoku, Nkosi. Ndi—ndifuna ukuba zonke izinto zehlabathi . . . Ndifuna

ukumela Wena kusanje. Ndifuna ukuma ngokwemvu echetyiweyo. Ndifuna ukuba zonke izinto zehlabathi zichetywe zisuke kum. Ndifuna ukuba ngowaKho naWe ube ngowam. Awungendamkeli na, Nkosi, ndisaziphakamisele kuWe izandla zam?" UThixo akusikelele, nkosazana. UThixo akusikelele, mhlekazi. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele, mhlekazi. UThixo akusikelele, mhlekazi. UThixo akusikelele, nkosazana, ndiyasibona nesakho. UThixo akusikelele, mzalwana wam. UThixo akusikelele nkosazana. Intle loo nto. UThixo akusikelele apho emva, mama. UThixo akusikelele, dade. Injalo loo nto, thembeka nje kuphela. "Ndifuna ukuba uThixo asuse konke kum oko kungafani naYe ngokupheleleyo, naziphi na injongo zokuzithanda endinokuba ndinazo, nakuphi na ukungakhathali endinako. Ndifuna ukuba Andichebe nje ngokupheleleyo, kusanje. Ndifuna ukufana naYe. Andikhathali nokuba ngamalungelo na okanye hayi; andinalungelo konke. Ilungelo endinalo linye kuphela, elo ke, kukuza kuYe. Ibe nguYe owenza konke okuseleyo."

<sup>136</sup> Ingaba kukho umoni apha ongazange amvume nakanye uKristu, ongazange asindiswe, ube ufuna ukukhunjulwa kulomthandazo kusanje, awunakusiphakamisa isandla sakho, mhlobo ongumoni? UThixo akusikelele. Omnye phakamisa isandla sakho, uthi, "Ndikhumbule, Mzalwan'uBranham. AndingoMkristu, kwaye andazi ukuba kuyakuba xesha nini na ekuyakuthi kufuneke ndihlangane noThixo. Kwaye ndi—ndifuna ukukhunjulwa khona ngoku kwilizwi lomthandazo, njengokuba uvala nje." Kulungile, awunakusiphakamisa isandla sakho ukuze ndikuthandazele? Uyabona. UThixo akusikelele, nkosazana encinane. UThixo akusikelele, nkosazana. UThixo akusikelele, mhlekazi. Ukho omnye, "Ndifuna ukuba, ndifuna uku. . ."

<sup>137</sup> Bangaphi apha abangabakreqi? "Owu," uthi, "Andinakuyivuma loo nto, Mzalwan'uBranham." Kodwa, khangela, ukuba elaa Hobe lokuthobeka limkile kuwe, mzalwana, ukho undonakele. Kukho undonakele othile xa ningenako ukunyamezelana. Xa ungenakumxolela omnye umntu ngokusuka emazantsi entliziyi yakho, kungakhathaliseki nokuba wenze ntoni na okanye uthethe ntoni na, ukuba awunakumxolela ngokusuka enzulwini, uYesu wathi, "Ukuba animxoleli wonke umntu iziphoso zakhe, ngentliziyi yenu, akasayi kunixolela noBawo wenu waseZulweni."

<sup>138</sup> Ngoku, kungayini ukuba, le mozulu ishushu, kungayini ukuba namhlanje uThixo angakubiza? Ngoku kusekho uMthombo ovulekileyo, ibandla esele lilungile, uMoya oyiNgcwele uhleli phaya etyhwebileni ekupheleni kwendlu, ulungele ukuhla ubuyele entliziyweni yakho ukwenze ukuba uthambe ube ngonoxolo. "Yintoni ekufuneka ndiyenzile,

Mzalwan'uBranham?" Yiba yimvu nje kuphela. UMoya oyiNgcwele uyakuhla kwangoko wakuba ube yimvu. Kodwa ukuba unenjongo ezingezizo, iimbono ezingezizo—ezingezizo, ufuna ukuzihambela ngokwakho ukubona, ungalungelanga kuyincama, ngoko ke uMoya oyiNgcwele akangekhe eze.

<sup>139</sup> Ngoku iintloko zenu zithotywe, ingaba kuni baphakamise izandla zabo. . . Ngoku, uYesu wathi, "Lowo uwevayo aMazwi aM akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade, akezi ekugwetyeni uphume ekufeni wangena eBomini," UYohane oNgcwele 5:24. Kodwa ngoku ukuba ungathanda ukuza esiguqweni, uguqe apha phantsi, masithandaze kunye kude okuya kuziva kuthobekileyo, kunoxolo wawukade unako, okanye unokuthanda ukuba nako, kuze kuwe kwakhona. Ngoku sisazigcine zithotywe iintloko zethu, sicula, "Kukho uMthombo ozaliswe liGazi," ndifuna ukuba nize, niguqe nithandaze. Wonke ngoku ofunayo ukuza, aguqe apha phantsi emgceni wesiguqo athandaze umzuzwana.

Kukh'umthomb'ozele liGazi,  
Lisuka kuMthambo ka-Imanuveli,  
Aboni befakwe phantsi. . .  
(UThixo akusikelele, nkosazana, nyuka nje  
wena uguqe)  
Balahlekelwe. . .

<sup>140</sup> Zithotywe njalo iintliziyiyo zethu, njengokuba ndithemba ukuba wenze njalo entliziyweni yakho. Niyazi ukuba ngubani na oqala ukuza emgceni ngalentsasa, ifanele ukunenza nibe nentloni ngeziqo zenu? Ngumfazi ontsundu, usizana lwento, udumbe amaqatha, iinwele zingwevu, nanko esihla esiya esibiguqweni.

<sup>141</sup> Apha kwixesha elidlulileyo, kwasindiswa ixhego elidala lomntu ontsundu, ngexesha lamakhoboka. Wahamba, kwaye njengokuba wayesindisiwe, waxelela inkosi yakhe ukuba wayekhululekile. Yathi, "Utheni?"

Wathi, "Ndikhululekile." Yaza ke ngoko yamenza wakhululeka.

<sup>142</sup> Naku kusihla kusiza elinye iqela labantu lifuna usindiso kusasanje. (Wathi ukhululekile.) Wonke umntu emthandazweni, uthandaze ngamandla ukuba uyathanda, ngelithuba uMoya oyiNgcwele esasebenza ngabantu abenza izigqibo.

Yathi "Mose, ubusithi ukhululekile?"

Wathi, "Ewe, mhlekazi, nkosi. Ndikhululekile."

<sup>143</sup> Yathi, "Ukuba ukhululekile, ndizakukwenza ukhululeke, nam. Hamba uyokushumayela iVangeli."

<sup>144</sup> Wathi akuba elungele ukufa, abazalwana abaninzi abamhlophe bangena ukuza kumbona, bathi bakwenza njalo,

wathi, becinga ukuba wayequlekile. Akuvuk, a wathi, “Bendinga ukuba sendimkile.” (UTHixo akusikelele, mzalwana wam, guqa apho phantsi.) Wathi, “Bendinga ukuba sele ndimkile.”

Bathi, “Ubone ntoni, Mose?”

<sup>145</sup> Wathi, “Ndingene ngesango, ndaMbona.” Wathi, “Bendimile, ndiMjongile.” Waze wathi, “Bekukho iNgelosi ezileyo yathi, ‘Yiza, Mose. Ufezile ukushumayela iVangeli iminyaka emininzi, kukho ingubo nesithsaba esikulindeleyo.’” Wathi, “Musa ukuthetha nam ngengubo nesithsaba. Ndifuna nje ukuMjonga.” Ndiyacinga ukuba yindlela yakhe nawuphi na uMkristu leyo.

<sup>146</sup> Apha kwixesha eladlulayo, phaya phezulu eChicago, ndandikwiholo, indawo eyi-museum, gxebe, ndandikhanga-khangela kuyo yonke indawo apho phakathi. Ndabona umNegro omdala, enomcwe nje omncinane wenwele ojikeleze intloko yakhe, ejikeleza apho phakathi, epethe umnqwazi ngesandla. Ndajonga kuye. Wajonga kwindawana encinane phaya, waza waxhuma wabuya umva, zabe iinyembezi ziqalisa ukuhla ngeso sidlele sakhe sintsundu. Waqalisa ukuthandaza. Ndamjonga okomzuzwana. Wakhangela ngaphaya kwakhona, waqalisa ukulila kwakhona. Ndawelela ngaphaya ndathi, “Mhlekazi.”

Wathi, “Ewe, sihlobo esimhlophe?”

Ndathi, “Ndiyabona ukuba u...Yintoni le ikuthabathe kangaka? Yintoni le ibikuthabathe olu hlobo?”

<sup>147</sup> Wathi, “Mhlekazi, ukuba ubunokukhe undive apha ecaleni kum, ndatyabuka lonke icala.” Wathi, “Ndandikade ndilikhoboka.” Wathi, “Phakathi kulehokwana yeglasincinane ilapha, sisambatho esi siphaya.”

Ndathi, “Ndiyabona ukuba sisinxibo, kodwa ke yintoni ebaluleke olohlobo ngaloo nto?”

<sup>148</sup> Wathi, “Leliya chaphaza liphaya,” wathi, “ligazi lika Abraham Lincoln eliya.” Wathi, “Elaa gazi layisusa ibhanti yobukhoboka kum.” Wathi, “Ngoku, mnt’omhlophe, ayinakuba bukuvuyisa loo nto, nawe?”

<sup>149</sup> Ndazibeka ngaphaya kwentamo yakhe izandla zam, ndathi, “UTHixo akusikelele, mzalwana. Ndazi elinye iGazi elindenza umdla.”

Wathi, “Ndiyalazi eloo Gazi, nam, mnumzana.”

<sup>150</sup> Ndathi, “Wayisusa ibhanti yobukhoboka kum.” Ngaxesha lithile ndandiphuma ngeCawe ndiye emdyarhweni ndiqhubeke, ndenze iziqhulo ezikrwada. Kwaye, Owu Thixo, ndandiyenza njani loo nto? Nangoku kusekho amanxeba

ezantsi entliziyweni yam kwindawo endathi ndenza kuyo ezo zinto. Kodwa ke ndiyavuya ngokuba wayisusayo ibhanti kum. Yasuka yonke ngoku, Wema endaweni yam.

<sup>151</sup> Apha ngaxesha lithile, ndandijonge umfazi othile, waye indlele awayekrwada ngayo ndandifuna ukumgxikiza. Waza uThixo wandinika umbono. Ndamthandazela ke ngoko, kuba ndabona ukuba izono zam zazizikhulu kanye njengezo zakhe. Ndahamba ndaye kuhlala ngakuye ndamvela usizi, ndamxela ukuba ndingumfundisi. Izithandwa zakhe ezibini... Wayemalunga namashumi amathandathu anesihlanu okanye amashumi asixhenxe, izithandwa zakhe ezibini zaguqa apho phantsi, baze bonke banikela iintliziyzo zabo kuKristu. Owu, nkosi, onjani wona umahluko.

<sup>152</sup> Awungeke? Ingaba wone kakhulu na, ngalentsasa, ingaba intliziyo yakho uyenze yamnyama yadyobheka wade uMoya oyiNgcwele akakwazi nokukuchukumisa? Mhlawumbi iHobe Libhabhe ngoNaphakade, Limke naphakade.

<sup>153</sup> UThixo akusikelele, sthandwa. Yintombazana encinane enyukayo. UThixo akusikelele, sthandwa. Uthi, "Laa ntombazana ayazi." Owu, ewe, iyazi. Ntonje ayikafundi amaphepha-ncwadi namabali ezothando amaninzi anjengokuba senenzile nonke. Nantso ke into ethethayo, ithambile. UYesu wathi, "Bavumeleni abantwana beze kuM."

<sup>154</sup> Ukho omnye othanda ukuza, angenelele isangqa kusanje? Isiguqo sivuliwe. Okomnye umzuzu nje, ngoku ke sisacula kwakhona, size ke senze umthandazo ngoku aba boni bazohlwayayo bethandaza.

Isihang'esifayo savuya sakubona  
Loo Mthombo e... (Ngokuqinisekileyo, yonke  
into yayimkile, usizana lomfo lwaluphelile)  
Nam ndanga, noxa ndinjengaso

<sup>155</sup> Awungeke uze ngoku? Awungeke unyuke, wena wazi ngokuthe chatha? IBhayibhile yathi, "Ukuba uyakwazi ukwenza okulungileyo, uze ungakwenzi, kuwe ke yinto engaphezu kwesono leyo." Awungeke uze? Uyazazi ukuba wenze okubi. Zinyukele uzokuguqa esiguqweni, uze uxelele uThixo ukuba udanile ngenxa yendlela obuMphethe ngayo. Mvumele uMoya oyiNgcwele abuyele akwenze ululame ube nobunono uzole kwakhona. Awunakwenza njalo? Khumbula, ukuba uyafa, abe eMkile kuwe, akuyi kubakho mntu oyakuthethelela ityala lakho. Ulinde wena ukuba umele Yena ngale ntsasa. UThixo akusikelele, mzalwana wam.

<sup>156</sup> Ulindile. Ingaba kunje, lishumi elinesihlanu kuphela apha enkonzweni abazivayo ukuba bagwebekile ngenene? Nibuphilile ubomi obuzele uxolo, obululamileyo, obonobunono, obuzolileyo? Ngoku, oku kujoliswe nguMoya oyiNgcwele. Ingaba niyaxolela, aninazintshaba? Niphila



ngaphaya, ngaphezu kokugwetywa kwaboni? Aniphili ngokwabahedeni, niphila ngokwahlukileyo? Ingaba ubomi bakho busekwe ngokwahlukileyo? UMoya oyiNgcwele onobunono uhleli etroneni yentliziyo yakho, ekwenza ukuba uphile ngoxolo nangokuzola unothando, jikelele ebantwini bonke? Abamelwane bakho nabo bonke bayazi, ukuba unobunono, uzolile, ululamile, ungMkristu othobekileyo? IHobe likaThixo linawe? Uqinisekile? Isenokuba lithuba lakho lokugqibela eli. Kulungile.

<sup>157</sup> Ngoko kuni nina basesiguqweni, uThixo anisikelele. Anisayi kugwetywa ngoku. UMoya oyiNgcwele uwuzisile umgwebo kuni. Kwaye anizamanga ukuwabumba amalungele enu, nithi, “Owu, kudala ngokwaneleyo ndinguMkristu, Akufuneki nganto ukuba ndiye.” Abanye benu, kokokuqala ukuba babesesiguqweni. “Ndingahlala ndingumoni ukuba ndifuna njalo, lilungelo lam elo.” Ewe, kunjalo. Ungumntu onokuziphatha ngokukhululekileyo, ungenza nangayiphi na indlela ofuna ngayo. Kodwa niwancamile amalungelo enu kusasanje. Nithi, “Bayakuthini, ibe ndim obanga uBukristu ndiphinde ndinyuke ndiye esiguqweni, bayakuthini?” Kodwa ke uthini uThixo? Uthe kuwe mawuze, waza weza ke. Ngoku uwancamile amalungelo akho, uzele ukuze ufumane uMoya oyiNgcwele onobunono ukuba athabathe indawo yaKhe entliziyweni namhlanje. Ndiyazi ukuba Uyakuyenza loo nto. Ndiyazi ukuba Uyakuyenza loo nto. Wathembisa ukuba Uyakwenza njalo. Nantso ke, Awunakunceda, akanakunceda ukuba angezi. Uyacenga, elila, wafa, nayo yonke into, ukuze abe nendawo anokuza kuyo, efuna ukuza kuwe.

<sup>158</sup> Ukuze ngeeyure zakho zokufa, xa ingelosi yokufa iyakube ihleli elunyaweni lwebhedi, endaweni yokujonga phaya phandle kwinto emanyumnyezi, ube usazi ukuba wala ukuza ngelinye ithuba, waze umphefumlo wakho waba mnyama udyobhekile, kungasekho thuba limbi, akukhathaliseki nokuba ulila kakhulu kangakanani na. U-Esawu wona esimka kwisono sakhe sobabalo...umhla wakhe wobabalo, gxebe, kwaye akazange afumane thuba. Walila ngokukrakra, ezama ukufumana indawo yokuyilungisa, kodwa akazange akwazi ukwenza njalo. UThixo wayembize okokugqibela.

<sup>159</sup> Kodwa ke nincame onke amalungelo enu nabo bonke abahlobo benu, nako konke ukuziva kwenu nayo yonke into, kusasanje, ukuze nibe nokuza apha. Nincame amalungelo enu, ukuze niguqe apha nithethe noThixo. Ndiyanixelela ngeLizwi leNkosi, ukuba uKristu wathi, “Lowo uzayo kuM aNdisayi kukha ndimlahlele phandle.” Ngoku uselapho phezu kwesiguqo, guquka, Mxelele ukuba udanile ngokuba wayenzayo into owayenzayo.

<sup>160</sup> Yiloo nto ebangela ukuba abantu bangamamkeli uMoya oyiNgcwele xa bebhaptizwa, abaguquki ngokupheleleyo kanye.

UThixo uyazama ukubanika uMoya oyiNgcwele. Ufuna ukuba ululame ube nobunono, uzole. Naso isizathu sokuba uvuke usenaloo mona entliziyweni yakho. Owu, usenokuvuka, ukhwaza, uthetha ngeelwimi, okanye nakuphi na, oko akunakwenza ube noMoya oyiNgcwele. Kufuneka uvuke apho ungumntu owahlukileyo. Kunyanzelekile ukuba uvuke apho, unobunono, uzolile ululamile, uthobekile, ngoko uMoya kaThixo uhleli nawe. Kunyaka ozayo. uyakukhangela emva kumzila ovela emva ubone ukuba uhambe kangakanani na, ubone ukuba uya unyukela lonke ixesha. NguMoya oyiNgcwele ke lowo. UMoya oyiNgcwele uluthando, uvuyo, uxolo, ukunyamezela, ukuthobeka, ubunono, umonde, ukholo. Ngoku, guquka nje uxelele uThixo ukuba ufuna loo nto khona ngoku, U...Uyakuyenza.

<sup>161</sup> Ntombazanana, wena apho, sthandwa, nawe yenza kwaloo nto. Akusikelele. Umama wakho emile izandla zakho ezibeke phezu kwakho.

<sup>162</sup> Lo dade uthandekayo mdala untsundu ulapha, uguqe esiguqweni. Usenokuba bekunyanzelekile ukuba utye isigezenga sombona nomgrayo wogcado, usenokuba kwanyanzeleka ukuba uhlale kwingxingwana ephakathi kwezakhiwo, ngako konke endikwaziyo, dade. UThixo ayisikelele intliziyo yakho, kukho ibhotwe olilungiselelweyo eBuqaqawulini kusasanje. Kunjalo.

<sup>163</sup> Ndijonge ezantsi esiguqweni ndibona inenekazi, liyaxuba liba ngwevu, umfazi oselula ethobise intloko yakhe, umfazi onenwele ezimhlophe ngokupheleleyo. Owu Thixo! Ndibona amadoda eguqile, ngokwahlukana kwawo phaya. Guquka nje, Mxelele ukuba udanile. Mxelele ukuba awungeke uphinde uyenze. Ngobabalo lwakhe, uyakusuka uyeke nje konke ukwahluka kwakho kuphele, ukusukela namhlanje ukuya phambili. Ufuna ukuba nobunono nokuzola. Ufuna ukuthobeka uye apho Akukhokelela khona.

<sup>164</sup> Xa abantu benento yokuthetha, akunamsebenzi nokuba ikhangeleka ilunge kangakanani, kuyakufuneka uncame amalungelo akho okuthetha ngommelwane wakho. Uzakuthetha, xa uyakuthetha ngoYesu. Uyakwenza kuphela into elungileyo. Awuzukuphuma phandle ngokombulali. Awusayi kuphuma utsibele abamsulwa. Kodwa uyabubona obuya bukroti benziwayo bobukhalipha baMakristu okwenene, kwaye ufuna ukufana nawo. Akuyikufuneka ukuba uxelele mntu ukuba nguMkristu, ukuba unguye, bayayibona nje bayazi njengokuba uthetha. Utywinwe ngaphakathi nangaphandle.

<sup>165</sup> Ngoku, njengokuba uyithoba intliziyo yakho, guquka ngoku. Xelela uThixo ukuba u“danile” a“wusayi kuyenza kwakhona,” u“nentloni” ngesiqu sakho, indlela oye wenza

ngayo. Ngoko ke ndizakukuthandazela. Kwaye ndiyakholwa, kanye ngoko, uxolo luyakusuka luzinze entliziyweni yakho, uxolo olufana nomlambo nje luyakuza lumpompoza emphefumlweni wakho. Usenokuba ungakhwazi, usenokuba ungathethi ngazilwini, usenokuba ungaxhumaxhumi unyuka usihla; kodwa uyakukumka usishiye isiguqo uneNto ekuwe, iNto engaphakathi kwakho eyakukugxumekela kumnqamlezo ogadalala omdala okoko nje usaphila. Ngoku thandaza, njengoba ndisenza. Vuma.

<sup>166</sup> Bawo wethu waseZulwini. Izidalwa ezingafanelekanga, kobu bushushu, kweli gumbi libilisayo kusakanje, ibhokisi yombilo; kodwa, Thixo, Wabilela thina kakhulu wena. UMoya oyiNgcwele uhlile, wababonisa abantu ukuba bebephephosisile. Bebesona. Imimoya yabo ibinekratshi. Basuka bakhohlakala, bagxuphuleka, bezenza abazi konke, bengazimisele kuguquka, bengazimisele kubaxolela abantu abenza izinto ezimbi kubo. Bebegazimisele, kodwa namhlanje uMoya oyiNgcwele ulithabathile iLizwi likaThixo, waLibeka kanye ezintliziyweni zabo ezinobunono, waze wathi, “Ngoku uyafuna ukubuyela apho ubufudula ukhona ngokuya kwakukokuqala usiza esiguqweni, ubuyele apho wonke umntu, ekubeni uthande wonke umntu, uze uNdithande ngothando olungenakuphela? Ngoko phakama nje unyuke uze esiguqweni.” Bayenzile loo nto, Nkosi.

<sup>167</sup> Ngoku, ndiyathandaza ngoku ukuba Ube nokungwalisa iingcinga zabo, Nkosi, ngcwalisa intliziyo yabo ubenze bathambe bazaliswe luxolo. Bangangavuka kwesi siguqo ngoku, emva kokuba beguqukile, benikezela ubomi babo kuWe, baphindela emakhayeni abo. Akunamsebenzi nokuba kwenzeka ntoni na, ukuba umyeni uyakhathazeka, mhlawumbi inkosikazii yakhathazeka, okanye ummelwane ukhathazekile, mhlawumbi omnye umntu osebenza naye okanye odibaniselana nye, “Ndiyakusuka ndithambe ngokwehobe.”

<sup>168</sup> Ngaphaya koko, impindezelo yaKho yeyaKho, “Ndiyakubuyekeza, utsho uYehova.” Ndlela le siye safumanisa ngayo ukuba kunjalo, Nkosi. Yima nje uthule, yiba ngothambileyo, ubone uThixo ethatha...yihla kanye uye kwimvana yaKhe. Ngokuqinisekileyo, ngochanekileyo. Lo Malusi ulungileyo ubunikela ngenxa yazo uBomi baKhe, uyehla eze phantsi kanye kwizimvu zaKhe. Aze ke azikhocele. Yeha kulowo uzicaphukisayo! Yeha kulowo uthetha ilizwi elinye lokuzichasa! Wathi, “Ngekukulungele ukuba unxitywe ilitye lokusila entanyeni yakho, untywiliselwe ezinzulwini zolwandle. Iingelosi zabo zihlala zibubona ubuso bukaBawo oseZulwini.” ‘Yabona? Owu Thixo, sifuna... “Okoko ke Ukwenza kubo, Ukwenza kuM.”

<sup>169</sup> Ngoko, Thixo, ndifuna ukuba ngothambileyo. Ndizibeka esiguqweni, nam, ngalentsasa, ingekuko kusakanje kuphela,

koko njalo kusasa namihla yonke. Ndifuna ukuba ngozolileyo nothambileyo, ndibe njengoYesu. Ndiphe oko, Bawo. Sincede ukuze sibe njalo ngoku, makathi amaza angena siphelo othando aqengqeleke kwimiphfumlo yethu.

Uxolo! Uxolo! Uxolo lumangalisayo,  
 Luvela kuBawo phezulu;  
 (AkuLuva ngoku entliziyweni yethu?)  
 . . . emoyeni wam ngonaphakade, (Haleluya!)  
 Haleluya! Uxolo olumangalisayo!  
 Uxolo! Uxolo! Uxolo lumangalisayo!

<sup>170</sup> Udade uGertie uthe mandixelele lonke ibandla ukuba ugwebekile, naye, kodwa ke wenza ipiyano leya ibe sisiguqo sakhe. Njengokuba isiguqo, ipiyano isisiguqo sakhe, uthe, “Xelesa ibandla lindithandazele,” njengokuba ehleli phaya iinyembezi zisihla zivela ngaphantsi kweendondo zakhe. Le pulpit isesam isiguqo. Ndiguqukile, nam, iBhayibhile yam imanzi. Owu Thixo!

Uxolo, uxolo lukaThixo!  
 Luvela kuBawo phezulu;  
 (Owu, haleluya)  
 . . . emoyeni wam ngonaphakade.

<sup>171</sup> Thixo, ukuba kukho umntu endone kuye, ndone kuWe, sisuse, Nkosi. Susa isono kwibandlana lam, kusasanje.

<sup>172</sup> Bangaphi abevayo nje ukuba uThixo uyanixolela, neHobe loXolo lihlala entliziyweni yakho kwakhona? Libhabhe labuya khona ngoku, lathabatha indawo yaLo. UMoya oyiNgcwede ubuye nje wathi, “Mntwana waM, beNdifuna ukukuthanda lonke ixesha. UbungaNdivumeli ke ukuba ndenze njalo. Andinakuhlala nomoya wakho omdala wokuzithanda. Kodwa ngoku uwunikezele nje, Ndibuyele entliziyweni yakho kusasanje.” Bangaphi abaziva ngaloo ndlela, phakamisa isandla? Phakamisa isandla, kulungile, konke ngasesiguqweni. Owu, intle loo nto. Bangaphi phaya kwisihlwele abaziva ngolo hlobo? Phakamisa isandla. Owu! [Umzalwan’uBranham uthi kumdlali wepiyano, “Ukufana noYesu”—Mhl.]

<sup>173</sup> Bawo wethu waseZulwini, siyaKubulela ngelithuba lokuzinikela okuthambileyo, njengokuthabathela i-apile esandleni, ulicumze, ulityumza lide lithambe, lithambe kangongokuba usana oluncinci lungahlala phantsi lulitye. Yindlela esifuna zibe yiyo leyo iintliziyo zethu, Nkosi. Yithabathele kwisandla sakho esinamanxeba ezikhonkwane, uyicumze, usithi, “Mntwana wam, awuboni ukuba ubuNdikhathazile? UbuNdikhathaza ngokuya ubuphuncuka ungabambeki olwa hlobo. UbuNdikhathaza, owu intliziyo ibisuke yopha ngenxa yakho, mntwana wam, ngokuya beNdikubona usenza izinto ezithile-thile. Kodwa ngoku Ndiyifumeneyo intliziyo yakho esandleni saM, Ndifuna

ukuyenza ilulame mpela. Ndifuna ukuyenza khon'ukuze Ndibe nokuyisebenzisa ndiphile kuyo kananjalo. Ndifuna ukubhabha ndibuyele kwindawo yokufukama kusasanje, Ndifuna ukubhabha ndibuyele ekuhlaleni, ndiZihlalise kunye nawe." Siphe oko, Thixo. SiyaKuthanda. Siphe oko, ngenxa yozuko lwaKho. Sicela ngeGama likaYesu.

Ukufana noYesu, u... (Anikuthandi ukukhe nindumise nje nokuhlobo? Owu, umphefumlo wam uyaqubha nje.)  
Emhlabeni ndi... (ukuMbona esihla e—kubanquli abafana naba, intliziyo yakho ivakala ithambile mpela? Intliziyo yam ibetha ngokukhawuleza nje konke.)  
... kusuk' emhlabeni kuy' eBuqaqawulini  
Ndicela kuphela ukufana naYe.

Awunakusiphakamisa isandla sakho sisalricula nje?

Ukufana noYesu, u...  
(Joe, ufuna ukuza kuthandaza kusasanje, mzalwana? UThixo akusikelele. Zifumanele indawo apha esiguqweni, Mzalwan'uJoe. UThixo akusikelele.)  
... kusuk' emhlabeni kuy' eBuqaqawulini  
Ndicela kuphela ukufana naYe.

<sup>174</sup> Ndiyazi ukuba kushushu, zihlobo. Ndiyazi kunjalo. Kodwa ndi—ndiyathemba niziva njengokuba ndiziva. Owu, ndiziva ngokungathi ndingasuka ndibhabhe ndimke. Unothando olungakanani! Ndingenza ntoni? Ndingaya phi? Owu Thixo! Ndiyaphi? Ndisingise phi? Kuyakuba—kuyakuba yini? Ndiyakubaphi kwikhulu leminyaka ukusuka ngoku? Ngekuyni ukuba bendingenaYe? Iphi, iphi enye indawo yokuzimela?

Kwisital'eBhetelehem kwavel'uMhambi,  
Emhlabeni ndifun'ukufana naYe;  
Kulo lonk'uhambo kusuk'emhlabeni kuy'  
eBuqaqawulini  
Ndicela kuphela ukufana naYe.

Sonke ke ngoku.

Ukufana noYesu... (Makabongwe uThixo!  
Ewe, Nkosi! Ewe, Nkosi! Hayi ihlabathi;  
ukufana naWe!)  
... ukufana naYe;  
Kulo lonk'uhambo kusuk'emhlabeni  
kuy'eBuqaqawulini  
Ndicela kuphela... .

<sup>175</sup> Ngoku nizithobileyo iintloko zenu, ndizakunibuza into. Kukho umntu apha ongamkholisiyo uMoya oyiNgewe. Kukho umntu obizweyo. Ndithetha eGameni leNkosi uYesu

njengomprofethi waKhe. Ndiyayiva intliziyo yaKhe  
ingxwelerhekile. Phaya ezantsi kukho umntu  
ongaMthobelanga, umelwe kukuza. Awungekhe uze ngoku?

Kuhambo lobomi lonke ukusuka... (Ewe,  
dade, kodwa bakho abangaphandle  
kwakho) ... uBuqaqawuli  
Ndicela kuphe ukufana naYe.

Ukufana nje noYesu... (Ngulowo kuphela  
umnqweno wam, ukululama nokuhla,  
ukuzithoba, ndifane naYe)  
Emhlabeni ndi... (Awungenyuki ke ngoku?  
UTHixo ufuna ukukubona uthabatha  
inyathelo, kukho iqela lenu)  
Kulo lo... .

<sup>176</sup> Bendisazi ukuba niyeza. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Nantso ke. Nantso ke. Ndiye ndajonga kwesi sihlwele, ndabona elona thunzi lakha loyikeka limnyama ndakha ndalibona lijinga phaya. UMoya oyiNgcwele ulapha ngoku. Uphezu kwam ngoku. “Ukwenza buhlungu uMoya oyiNgcwele.”

Ukufana noYesu... .

<sup>177</sup> Wenza ntoni? Waya apha uYise wayekhokelela khona. UThixo akusikelele, mzalwana. UThixo akusikelele, mzalwana wam. Injalo loo nto, nyuka nje uguqe phantsi.

Emhlabeni ndifun’u... .

<sup>178</sup> Ngoku lixesha lokuvuma izono kwakudala, ukulungelelisa, ukulungisa. Yizani. Ndiseva ukuba kusekho abanye phaya phakathi. UThixo akusikelele, nkosazana. UThixo akusikelele, nkosazana. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Injalo loo nto. UMoya oyiNgcwele uhlala enyanisile. Yizani. Ilungile loo nto, phuma nje uze.

NaYe, ukufana noYesu, ukufana, ewe uYesu,  
Emhlabeni ndi... (Owu, bethu injalo loo nto!  
Nantso ke indlela, yizalisen’imigca, phuma  
nje uthandaze)  
Kulo lonk’uhambo  
kusuk’emhlan’ukuy’eBuqaqawulini,  
(Guquka nje, uxelele uThixo into omelwe  
ukuba udanile, nantso kuphela kukuyenza)  
... ukufana naYe.

<sup>179</sup> Aninakuthi nize njalo ngoku. “U...” Ilungile loo nto, khululeka nje, nyuka uze. “Ukufana...”

<sup>180</sup> Uyakwenza ntoni? Ngubani oyakukumela, mhlawumbi ngokuhlwanje? Ngubani oyakukumela kwakugagana nawe

ukufa? Akunamsebenzi nokuba wenza ntoni na, uMoya oyiNgcwele uhleli kanye apho kufutshane nawe. NguYe lo ufuna ukuba uze.

Kulo lonk'uhambo kusuk'emhlabeni  
kuy'eBuqaqawulini

<sup>181</sup> Guquka nje kuphela, uthi, “Thixo, ndidanile. Ndi—andinakufuna kuphinda ndikwenze oko. Awusayi kundimela ukuba andiKumeli ngoku. Ibe ndifuna ukuze Undimele, ndaye ndiza kuKumela ukusukela namhlanje ukuya phambili. Ndizakuphila ngendlela uMkristu afanele ukuphila ngayo. Ndizakuziguqula iindlela zam. Ndizakuba ngothambileyo nozolileyo. Ndizakubayeka bonke abantu bathethe ngendlela yabo, nazo zonke izinto. Ndizakuphila nje ngokuthobekileyo nokuzolileyo phambi kwaKho.” Akunamsebenzi nokuba unethuba elingakanani na ubanga ukuba unguMkristu, nenkonzo olilungu layo, oko akunanto yakwenza naloo nto. Nyuka kanye uze. UThixo akusikelele. Nyuka uze, mntwana wam.

<sup>182</sup> UThixo uthetha nawe ngoku. Ukuba uyandikholelwa ukuba ndisicaka saKhe, uMoya oyiNgcwele uthethile nam kusanje, wathi, “Babize ke, baninzi abasephaya phantsi.” Nguwo lo umhla, lilo eli ixesha. Basebahlanu mhlawumbi bathandathu abasephaya ezantsi, abafanele ukuba beze ngenene ngoku. Khumbula, mzalwana, dade, ndijonge kuwe kanye, ndiyazibona ezo zithunzi zimnyama zijinga phezu kwenu. Kungcono nize.

<sup>183</sup> Ukufana noYesu! Awufuni ukufana naYe, uthambe, uzole, ululame, uthobeke? UThixo akusikelele, mfana. UThixo akusikelele, tata ophethe usana. UThixo akusikelele, dade. UThixo akusikelele, sihlobo esingumoni. Injalo loo nto. Nyuka uze, sisi, phuma nje, zifumanele indawo. UThixo akusikelele.

<sup>184</sup> Dade othandekayo, ininzi into ofanele ukuba nombulelo ngayo. Wawulele ebhedini, usifa, naku ngoku isihla usiya esiguqweni. UThixo ayisikelele intliziyo yakho ethambileyo.

<sup>185</sup> UMoya oyiNgcwele usathetha kwakhona ngoku. Inguquko, zililele nje kuThixo, thandaza nje owakho umthandazo. Nguwe owonileyo, ngoku nguwe omele ukuba uthandaze. Xelela uThixo ukuba udanile ngento oyenzileyo. Ungayihoyi into esecaleni kwakho. Yithi, “Thixo ndixolele, bendingazimisele kuba njalo. Ndifuna ukuba ngothambileyo. Andi—andinakuphinda ndicaphuke ndixambule kwakhona.”

<sup>186</sup> Owu, Thixo, owu, indlela endiKuthanda ngayo. Bawo waseZulwini, ngenxa yomntu ngamnye ozohlwayayo phaya phantsi esiguqweni ngoku, ethobile eguqe ngamadolo ethandaza! Owu, Thixo, oomama abaninzi, ootata, abantwana, ootata, omama, nantoni na eyenye, abamelwane, amalungu enkonzo, amadikoni amathenjwa, Owu Thixo, ngelithuba

lokwakhiwa ngendlela yakudala, sihleli kweli gumbi lishushu kusasanje, uMoya oyiNgcwele esihla kanye, ethetha okuluxolo. Owu Thixo, ndifuna ukuma ngaloo mini ukuze ndiKuve usithi, ngokuthabileyo, “Ewe, wenyuka waNdimela, ngoku Ndizakumela wena.” Ndifuna ukuba Ubeke oloxolo kuyo yonke intliziyo elapha namhlanje, Thixo. Ngokuzolileyo nokuthobileyo, ndifuna ukuba Uyenze loo nto. Ndifuna ukuba ungene apho ngokona kuzivela kuyakuthi kungabi nakusuka kubo kwakhona, ukusukela kulomhla ukuya phambili. Anga amakhaya angamatsha. Banga abantu bangangabantu abatsha. Yanga yonke into ingantsha namhlanje, ngokuba aba bantu bazithobile. Wathi Wena, “Ukuba abantu ababizwa ngeGama Lam bathe bazithoba, bathandaza, Ndiyakuva ndiseZulwini.” Kwaye ndiyazi ukuba Uyeva, kusasanje, Thixo.

<sup>187</sup> Ndithandazela noxolelo lwabo bashiyeke ezitulweni, bebefanele ukuba bezile. Thixo, thetha nabo, kwaye banga abanakuba saba naxolo emhlabeni bade babe basenzile eso sigqibo, Nkosi, sokuza ukuze baxolelaniswe naWe. Siphe loo nto, Nkosi. Sikelela umntu ngamnye ngoku. Zanga izibele zaKho nenceba yaKho zingahlala kuwo wonke umphefumlo ozohlwayayo nothobileyo kule nkonzo kusasanje.

<sup>188</sup> Bawo, Thixo, oku ndikwenze ngokuyalelwa nguWe. Ndibabizele aba bantu; bemile ke. Uthe, “Lowo uyakundiNgqina phambi kwabantu, ndiyakumngqina phambi koBawo neZithunywana ezingewele naM.” Abaninzi baba balapha baneminyaka bengamaKristu, kodwa bemile kusasanje ukuze bavume izono zabo ukuba benze ngokuphosakeleyo. Babengabangenakuthandeka. UMoya oyiNgcwele ubumkile kubo. Kwaze ngamaxesha amaninzi abakuva ukuthoba, ubumnandi, nokuthobeka kokuziva abebemelwe kukukuva. Abaninzi babo ngaboni abeza okokuqala. Kodwa, Bawo, bafuna oko kuzivela kumangalisayo, uxolo oludlula konke ukuqonda. Baphe lona ngalomhla, Nkosi Thixo, banga bangathi bephelele bathandeka bazaliswe nguMoya waKho, besemka kulendawo namhlanje, ukuya kumakhaya abo ahlukeneyo, ukuya kuphila ubomi obahlukileyo nokuya kuba ngabantu abahlukileyo. Oku sikucela eGameni likaKristu.

<sup>189</sup> “Indawo Emthonjeni.” Kulungile, nina nisesiguqweni, phakamani, nikhangele phezulu eNkosini, niguqule nibambane izandla nabo abakufutshane kuni. Owu, sizakucula, wonke umntu ngoku, ngelithuba sisamileyo umzuzwana phambi kwenkonzo yempiliso.

Indawo, indawo, ewe, kukhw'indawo;  
 Kukhw'indaw'eMthonjeni yakho;  
 Indawo, indawo, ewe, kukhw'indawo,  
 Indawo eMthonjeni yakho.  
 (Wonk'umntu!)




Indawo, indawo, ewe, kukhw'indawo;  
 Kukhw'indaw'eMthonjeni yakho;  
 Indawo, indawo, ewe, kukhw'indawo,  
 Indawo eMthonjeni yakho.

Indawo, indawo, ewe, kukhw'indawo!  
 [Yindawo engenanto ekhasethini le—Mhl.]

<sup>190</sup> Ukholo! Uyazi ngenye imini, mzalwana, xa i—inkosikazi yakho yatsala umnxeba, ukuba uthandazelwe wena? Ndaya ngqo egumbini, waza uMoya oyiNgcwele wathi kum, “Musa ukoyika.” Amen. AkaYiyo na iNene? Kuyamangalisa! Hayi, mayibongwe iNkosi! Ndiziva ndifuna ukukhwaza uloyiso nje! Kulungile.

IGazi laKhe lihlamba mhlophe . . . ”  
 (Unento ozakuyithetha?)  
 UYesu uyasindisa!

Kulungile, Mzalwan'uNeville ngoku.  
 NoMzalwan'uSlaughter unelizwi afuna ukulithetha.  
 [UMzalwan'uSlaughter uyathetha—Mhl.] Mayibongwe iNkosi!  
 [UMzalwana uNeville uthi, “Ndiyakholwa ukuba wonke umntu wamkele kusasanje.”] Uzuko! Haleluya! Haleluya!  
 [Umzalwana uNeville uyathetha, aze athi, “Nizikhumbule iinkonzo zangokuhlwanje, sinenkonzo yomthendeleko nokuhlwanje kwenyawo.” Ubuza kuMzalwana uBranham, “Ingaba uyazi ukuba uyakuhla na?”] Ndiqinisekile ndakuba ndilapha ngokuhlwanje, nam. Ewe, ngokoko ndaziyo, ndiyakuba lapha ngaphandle kokuba ndibizelwe ngaphandle kwenye indawo. 

*Ibandla Nemeko Yalo*  
(*The Church And Its Condition*)  
Agasti 5, 1956

*Limxinwa Isango*  
(*Strait Is The Gate*)  
Matshi 1, 1959

*Ibandla Elikhohlisiweyo, Lihlabathi*  
(*A Deceived Church, By The World*)  
Juni 28, 1959

Le Miyalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham, yayishunyayelwe ngesiNgesi ekuqaleni kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, yathatyathwa kushicilelo-mazwri lukazibuthe yaguqulelwa esiXhoseni yashicilelwa ngowe-1994 ngabe Voice Of God Recordings. Iphinde yashicilelwa ngowama 2006.

XHOSA

©1994 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangeli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)